Downloaded from Stanmorephysics.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha lesi-4 uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olusekelwe ukufundwa kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | ISihobe | (30) |
| ICANDELO B: | Inoveli/Uncwadi Lwemveli | (25) |
| ICANDELO C: | IDrama | (25) |

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

   ICANDELO A: ISIHOBE
   IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
   UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – Ngumbuzo onyanzelekileyo.

   ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI
   Phendula umbuzo OMNYE.

   ICANDELO C: IDRAMA
   Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI/NONCWADI LWEMVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

   - Phendula KUPHELA imibuzo ekwiNoveli/Uncwadi Lwemveli nakwiDrama oyifundileyo.
   - Phendula UMBUZO OSISINCOKO ubemNYE NOMFUTSHANE ubemNYE.

   Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OSISINCOKO kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

   - Umbuzo osisincoko kwiSihobe kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama ali-190–240.
   - Umbuzo osisincoko kwiNoveli/Kuncwadi Lwemveli nakwiDrama kulindeleke ukuba uphendulwe ngamagama angama-340–390.
   - Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.

Downloaded from Stanmorephysics.com

7. Landela imiyalelo ebhalwe ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngocoselelo.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela indlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha loviwo.

9. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

    ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
    ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
    ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ITHEYIBHILE YESIQULATHO

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.**

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 1. 'Imfecane' | Umbuzo osisincoko soncwadi | 10 | 6 |
| 2. 'UJohn Tengo Jabavu' | Umbuzo omfutshane | 10 | 8 |
| 3. 'Mhela mfondini' | Umbuzo omfutshane | 10 | 10 |
| 4. 'Usana' | Umbuzo omfutshane | 10 | 12 |
| **KUNYE** | | | |
| **Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile** | | | |
| 5. 'Ukuthetha' | Umbuzo omfutshane | 10 | 14 |

**QAPHELA:** Phendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Xa uphendule UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 6. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 15 |
| 7. *Inkawu idliw' ilila* | Umbuzo omfutshane | 25 | 15 |
| 8. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 18 |
| 9. *Nyana Wam! Nyana Wam!* | Umbuzo omfutshane | 25 | 18 |
| 10. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 20 |
| 11. *Ukhozi Olumaphiko* | Umbuzo omfutshane | 25 | 20 |
| **OKANYE** | | | |
| 12. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 22 |
| 13. *Ubuncwane Boncwadi Lwemveli* | Umbuzo omfutshane | 25 | 22 |

**ICANDELO C: IDRAMA**

**Phendula umbuzo OMNYE.***

| INANI LOMBUZO | UMBUZO | AMANQAKU | INOMBOLO YEPHEPHA |
|---|---|---|---|
| 14. *Buzani Kubawo* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 25 |
| 15. *Buzani Kubawo* | Umbuzo omfutshane | 25 | 25 |
| 16. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo osisincoko soncwadi | 25 | 28 |
| 17. *Indlal' Inamanyala* | Umbuzo omfutshane | 25 | 28 |

***QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI ezizincoko okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ITSHEKHLISTI**

Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

| **ICANDELO** | **AMANANI EMIBUZO** | **INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO** | **TIKISHA NGASEZANTSI** |
|---|---|---|---|
| A: ISihobe (ISihobe esifundisiweyo) | 1–4 | 2 | |
| **KUNYE** | | | |
| A: ISihobe (ISihobe esingafundiswanga) | 5 | 1 | |
| | | | |
| B: INoveli **OKANYE** Uncwadi LweMveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 6–13 | 1 | |
| | | | |
| C: IDrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane) | 14–17 | 1 | |

**QAPHELA:** KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.
Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: ISIHOBE

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Ulindeleke ukuba uphendule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo OMNYE wombongo okanye isibongo esingafundiswanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongumbongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula umbuzo olandelayo.

**IMFECANE – JJR Jolobe**

Yindimbane yentsabo amadoda nosapho, iimbacu, amafaca,
Iinkomo sezathinjwa.
Ngasemva kusisisi, izixeko luvundu.
Kumkhondo wemfecane kusele amagquba.
Yinkungu engqondweni, limpampam ngaphambili.

Ngebagxagxamisayo, kwalandula unyanya.
Baxhaliseka futhi nazizingqi zotshaba.
Ajuculuzela dzu amaHlubi amahle,
AmaZizi noBhele ejokil' amaNgwane,
Isizwe semfecane kwelasempumalanga.

Yaba neenzim' indlela kufohlwa kozindada.
Bawela imisinga yamanz' anamagama.
Bahlafun' iintsizi isonka seenyembezi.
Bangathi bacekisa neemfunda zokumiwa,
Ngomhla wenkcithakalo yezizwe zelaseMbo.

Baphelelwa lutshongo bafunzela ngodaka;
Zajacek' izambatho banxib' ingca yasendle
Ukufihla ubuze ngomhla wobandezelo,
Babindeka becinga iindyebo zelaseNtla.
Akubangakho ngoma emlonyeni ngaloo mhla.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Ngamabona-ndenzile bethubeleza kwizizwe,
Basinda macebetshu kwiingozi zamarhamncwa,
Zancwina iimvekwana zizigulo zendlela,
Zalondolozwa noko bada bawel' uMbhashe,
Bangena kwaGcaleka kwimimandla kaPhalo.

Kwakwalathwe ziimboni ukuza kwezi zizwe.
Ukuzalisekiswa kwamaxesha kwabikwa
Ukufika kondwendwe ziintlola zakomkhulu.
Zema ezo ntsizana ziphandwa imvelaphi,
Ubukhosi nobuzwe, ngomhla wodandatheko.

Tyhila indlela ukulandelelana nokucwangciseka kwezehlo kwimbali yeMfecane okukhulisa ngayo ukuyiqonda intlungu yokumfenguza kwesizwe samaHlubi kwisicatshulwa salo mbongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda umbongo ongezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UJOHN TENGO JABAVU – SEK Mqhayi**

Khawuqokele njengel' enduna!
Khawuqokele nqeberh' enkulu!
Kukhe kwakuhle wakuwela
Oko wabuya nenkwenkwezi;
Bath' abanye yeka-Edwadi;
Zath' izizwe zabelana-
Ath' amaXhosa yekaNtsikana;
Bath' abeSuthu yekaSotshangana;
Ath' amaNdebele yekaLobengula.
Phindela kwakhona njengel' enduna!

Phindela kwakhona kwedini yaseMbo!!
Zophela ngokwaz' iimfazwe zamakhaya,
Zoxel' umbethe kwakuvel' ilanga,
Zoxel' amagqabi kwakuvel' ubusika,
Thina maXhos' ikhwele saligweba
Salichitha salitshisela nezindlu;
Salingcwaba nothuthu lwalo.
Azi ngubani na l' ulivumbululayo?

Qabel' amanzi njengel' enduna!
Qabel' iinduli zamanzi thole laseNtla!!
Khuph' ilang' emafini.
Yitsh' iindlebe ziphez' ukubethana,
Yitsh' amathumb' ayek' ukuxuxuzela,

Yitsho kuse kwabajonge ngeentanyongo,
Thob' izandla kwabalibele ngumkhanya,
Ngazwinye nquml' ingxolo bawo,
Nquml' intetho kwabamilomo ingangeyengcungcu
Yitsho zivuthuluk' iingxabano zamakhaya,
Namhl' uzubuye nenkwenkwezi kaJoji,
Zizokukwaz' izizw' ukuhlomlelana.
Ncincilili!!!

2.1 Caphula kwisitanza soku-1 amabinzana amaBINI athetha ukuba uJohn Tengo ngumntu ohloniphekileyo. (2)

2.2 Chaza ukuba ibangwa ngelithini inkwenkwezi eze noJohn Tengo Jabavu (a) ngamaXhosa (b) nabeSuthu ngokwesitanza soku-1. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


2.3 Khankanya (a) into eza kuziphelela kumakhaya (b) netshabaleleyo kumaXhosa ngokuya kukaJohn Tengo Jabavu phesheya ngokwesitanza sesi-2. (2)

2.4 Tyhila ukuba isikweko esikumqolo wama-21 silicacisa njani ixabiso lolwazi ekufuneka eze nalo uJohn Tengo Jabavu. (2)

2.5 Nika ithoni yesitanza sokugqibela kumntu ofunda lo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**MHELA MFONDINI – GV Mona**

Mhela mfondini,
Ndiphuthum' elam' ikhohlombe.
Ngokwesethu isithethe,
Inkwenkwe iyazihlanganisela.
Mhela mfondini,
Ndilande ezakowethu,
Kwelakowethu ukuzuma lityala.
Khawuthob' iqulo mfondini-ndini,
Zaphukil' ezam iintonga,
Mhela mfondini!

Naxa ndiphuza umhlaba,
Ndothi mhela kwakhona.
Kuba ngeseth' isithethe,
Ewileyo ayibhuqwa.
Naxa ndigevezel' amadolo,
Ulwimi luyinkaba-nkaba.
Ndothi ndimele kanjaqo
Kuba le ndeko inemigaqo,
Mhela mfondini!

Akuvuyelelwana, akuxhatshazwana,
Kuhlonitshwene kuxatyiswene.
Amakhwenkwe amancinane,
Abahlonele oonongena,
Oonongena bawahlonel' amakhulu,
Amakhulu iinto ezitshotsh' entla,
Abahlonele oonosala.
Kuyo le ndeko
Intlonipho ngundoqo,
Mhela mfondini!

3.1 Caphula kwisitanza soku-1 imiqolo emiBINI enika imigaqo yokudlalwa kweentonga. (2)

3.2 Chaza ukuba umdlali weentonga (a) umisa xa kutheni (b) uxele nesithethe asilandelayo ngokwesitanza sesi-2. (2)

3.3 Khankanya umkhwa (a) onqandwayo (b) nokhuthazwayo kwisitanza sesi-3. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


3.4 Tyhila ukuba ukuphindaphindwa kwesakhi silanduli nesimamva 'u-ana' kwisitanza sokugqibela kungakunqanda njani ukuxhatshazwa. (2)

3.5 Nika ithoni yesitanza sokugqibela kumntu ofunda esi sicatshulwa sombongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda isicatshulwa sombongo esingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**USANA – ZS Qangule**

Bubushushu bodwa emzini,
Lupholile usana londile.
Zinkxwaleko zodwa endlwini,
Luzolile usana, lujongile.
Yincwina yodwa egumbini,
Luncumile usana lubukele.

Ulilela ntoni wakufika?
Akulili wena uyathetha,
Akugxwali wena uyazixela,
Ubomi kaloku sisandi,
Ubomi kaloku ngumzamo,
Yiloo nto usana luhlabela.

Olo ncumo lumpuluswa,
Sibane sobomi bumbi.
Ezo nyembezi zehlayo,
Mfula wenzingo zempilo.
Oko kukhohlela ebusuku,
Sithonga sompu wotshaba.

Lusana lwethu uluvuyo,
Ntandane kowethu uluvalo.
Mbewu yekhaya uyabukwa,
Sithombo somzi uyoyikwa,
**Sityalo** uyimbiza yebhongo,
Siqhamo ukukutya okulumayo.
Ungumciki wothanda lothanda,

Uluthanda lothando olucikiweyo.
Wena ulikhwezi lomsobomvu,
Wena ulilifu elilengalengayo.
Ukufika kwakho kuyimvula
Ukumka kwakho kuyimbalela.

4.1 Caphula kwisitanza soku-1 imiqolo emiBINI ebonisa iimeko ezingqonge usana. (2)

4.2 Chaza indlela usana (a) oluthetha ngayo (b) noluyazisa ngayo imvakalelo yalo ngokwesitanza sesi-2. (2)

4.3 Khankanya (a) isenzo esihle sosana (b) neenzima zempilo oludibana nazo usana ngokwesitanza sesi-3. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

4.4 Tyhila ukuba isikweko esikumqolo wama-21 sikucacisa njani ukuba ikhaya lijonge lukhulu kusana. (2)

4.5 Nika ithoni yesitanza sokugqibela kumntu ofunda esi sicatshulwa sombongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)

### UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda umbongo ongezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UKUTHETHA – SE LANDAU**

Kwamiselwa ukuze luvan'uhlanga,
Kwazinzisw'ukuze ziqondan' iintlanga,
Kwamiselwa phakathi kwabazanayo.
Kwazinziswa phakathi kwabeentlanga.

Vuleka mlom' iyaphuphum 'ingqondo,
Vakala mvakalo-zwi nesandi,
Vumbulula loo mathe lwimi,
Vakala kub' indlebe iphula-phule.

Ukuyiloza kuza kuvakala,
Ubuciko buza kudandalaza,
Ukuqonda kudale izinto,
Umlomo uxhaphazel'amagwebu.

Iyahluzwa ivele inyaniso
Ludandalaze ngokunjalo uvakalelo,
Kuphazamiseke zonke iingcinga,
Ngenxa yako kon' ukuthetha.

Bathetha ngezolo nenzolo,
Bayayinkqangaza inqwaba-nqwaba,
Athetha kamnandi bethamsanqelisa,
Bambi bayanyhukrula beqalekisa.

5.1 Xela into eyenziweyo malunga nokuthetha (a) kuhlanga ukuze luvane (b) nakwiintlanga ukuze ziqondane ngokwesitanza soku-1. (2)

5.2 Nika ilungu (a) lokuphulaphula (b) nelokuthetha ngokwesitanza sesi-2. (2)

5.3 Chaza zibeziBINI iziphumo zokuthetha ngokwesitanza sesi-3. (2)

5.4 Chaza indlela oludaleke ngayo undindwano kulo mbongo uwonke. (2)

5.5 Ngqina ngokuqulethwe sisitanza sokugqibela ukuba ukuthetha kunamacala amabini. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI**

**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini noNcwadi Lwemveli.
- Khetha umbuzo kwiNoveli oyifundisiweyo/ukhethe umbuzo kuNcwadi Lwemveli.
- KwiNoveli ngaNYE nakuNcwadi Lwemveli kubuzwe imibuzo emiBINI, OSISINCOKO SONCWADI NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo we-6 ukuya kumbuzo we-13.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhetha umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo B (kwiNoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli okanye kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCandelo C (kwidrama).

**INOVELI**

Phendula UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO) OKANYE UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE).

**UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Iindidi zabantu umlinganiswa ahlangana nazo endleleni yobomi zinegalelo ekuweni nasekuphumeleleni kwakhe.

Xhasa olu luvo ngomlinganiswa onguThantaswa kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabubengamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

| |
|---|
| 'He madoda, ikhona into edibanisa uMnenga noNqoza malunga nobomi bukaMapheza,' watsho uBhadula encokola noGqazana phaya esikhululweni samapolisa ngenye imini. Wayeyame ngegxalaba emnyango njengoko kwakungaxakekanga kakhulu ngaloo mini apho esikhululweni.<br>'Kudala mna ndiyirhanela loo nto. Wawuva umbuzo kaMnenga ngalaa mhla kwakusithiwa uMapheza ulele?' wabuza uGqazana.<br>'Umothuko lo ungaka kuye yedwa wawungowantoni? Nathi sothuka kodwa hayi ngale ndlela wothuka ngayo uMnenga,' wongeza uBhadula. |

Downloaded from Stanmorephysics.com

'Ukuba usakhumbula kakuhle nguMnenga oweza nomphanga wokuba uMapheza ubhubhile. Loo nto yakhwezelwa nguNqoza emngqinela kobo buxoki kanti siza kubuya kwaMapheza <u>sifake imisila phakathi kwemilenze</u>. Babeyiva phi bona bodwa loo nto naselokishini andizange ndayithi rhithi tu?' wakrazula ngalo mbuzo uGqazana.
'Abe yena uNqoza lo uyintoni emcimbini kuba yena uMnenga noMapheza yinyoka nesele kakade?' wabuza uBhadula.
'Masithule sithi tu, ziza kuvela iziphumo zayo yonke le nto.'
'Ukuba uyaqaphela okokoko sabuya kwaMapheza, uMnenga noNqoza basoloko bezingqu zimashiyi, kwaye ababambeki tu okwabantu abanezazela,' watsho uGqazana.
'Masiwavalele ngokwenene, mfo kaGqazana uza kubuya uMapheza ngemini yakhe, siza kuweva onke la manyundululu ooMnenga,' wagqibelisa ngelo uBhadula ejonge kumntu owayeza kungena eze kufuna uncedo lwabo.
Lihambile ixesha uMapheza engekabuyeli esibhedlele.UHlengiwe wacebisa ...

7.1 Xela into edibanisa uNqoza noMnenga malunga nobomi bukaMapheza ngokokukrokra okukwisicatshulwa. (2)

7.2 Ngqina ngezenzo eziBINI ukuba ngenene uMapheza noMnenga bayinyoka nesele. (2)

7.3 Tolika ngokomxholo wesicatshulwa intetho kaGqazana enomgca ngaphantsi ethi, 'sifake imisila phakathi kwemilenze.' (2)

7.4 Khankanya uphawu lwesimo sikaMfuneko olufumaneka kwingxoxo ephakathi kukaGqazana noBhadula. Xhasa impendulo yakho. (3)

7.5 Ngqina ngokuzixhasa ngendlela ezivezwe ngayo izaphulimthetho zale noveli ukuba umbhali uchasene nolwaphulomthetho. (2)

7.6 Chaza isiphelo sikaMnenga noNqoza akuba evelile amanyundululu wabo. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA B**

'<u>Zizibhanxa gqitha amapolisa. Akakwazi tu ukuphanda.</u> Mna ndazibona ngala wam amehlo izigebenga ezabulala uYangaphi. Sisela nazo apha kwaMbu nangoku ezo ntwana,' watsho esiya kuphuma ngomnyango ebambe amatyhelufa uBhanqo. Wathi thuzu thuzu kancinci uMbuzeli ejonge kumzala wakhe.
'Unyanisile uBhanqo. Nam ndiyabazi ababulali bakaYangaphi kodwa anditsho mzala, ukuba uyokundibhaka, emapoliseni,' wamyala ngelo uMbuzeli owayengamazi ukuba lo mzala wakhe ngoyena mcuphi ophethe elo tyala kanye.
Wahlekela ekothukeni yena uMapheza, emva koko waphakama wayokungena endlwini encinci. Wathi ebhekabheka, wabe engasaboni kwaBhanqo lowo.
'Intak' ingene endlwini! Inene izinyanya zakowethu zindijongile. Ingathi iza kuvuthwa le mbiza yam. Umzala naye uza kukha andixelele nangalo nomyayi wakhe unekhompyutha adlisela ngaye,' wacinga njalo unkabi esachama. Emva koko ubuyele endlwini, nalapho ufike wabiza enye ibhiya wahlala, wonwaba.

Downloaded from Stanmorephysics.com


> Wagoduka uMapheza ezinzulwini zobusuku ecupha apha kuMbuzeli, nowayembona ukuba unento eninzi ayaziyo ngokugwintwa kukaYangaphi. Intliziyo yakhe yayicula ingoma yoloyiso kukuhlala ahlale afumane izinto zikaYangaphi ngobunjalo bazo.
> Emva kokuxambulisana ngezo zinto noMbuzeli owayemcenga esithi loo nto ingambambisa, uMapheza ekugqibeleni wazifumana. Kaloku wamqhatha ngelithi uza kufumana ibhaso elincumisayo emapoliseni ngokuwancedisa ekubanjweni kwezigwinta zikaYangaphi ekudala zizingelwa. Kwasa ngemini elandelayo yangeCawa edlulisela emapoliseni umpu.

7.7 Tyhila ubunyani bamazwi kaBhanqo anomgca ngaphantsi ngokolwazi lwakho lwebali ukuza kuthi ga ngale mini yencoko. (2)

7.8 Chaza ifuthe lokufihla ulwazi abanalo ngezaphulimthetho uBhanqo noMbuzeli ekukhuleni kolwaphulomthetho kule noveli. (2)

7.9 Xhasa ngokuthathela kwisicatshulwa esingentla ukuba umcuphi uyawaphula umthetho kwimizamo yakhe yokusombulula ityala lolwaphulomthetho. (2)

7.10 Cacisa ngeengongoma eziNE ukuba ithaveni kaMbuzeli ikuncedisile ukukhulisa nokusombulula ulwaphulomthetho olukule noveli. (4)

7.11 Phawula ngenxaxheba yomxholwana wokuhanahanisa kothando kwisiphelo esiyintlekele sale noveli. (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Iindidi zabantu umlinganiswa ahlangana nazo endleleni yobomi zinegalelo ekuweni nasekuphumeleleni kwakhe.

Xhasa olu luvo ngomlinganiswa onguThole kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA C

'Nkqo! Nkqo! Nkqo! Nkqo!' Lwazinga unkqonkqozo. Krwaqu uNomsa etafileni katitshala kutitshala, wafika emjonge ngamabi wona amehlo. Watsiba owenkawu ukuya kuvula kuba wayemazi ukuba akanja idlala nambundlwana.
Galakangqa, kwangena ufafa olude lomfana, into emnyama ukusuka esihlangwini uyokuphosa elunweleni. Into emkhitha ngathi ngowenkabi yehashe. Obo bumnyama babuphazanyiswe lithambo elimhlophe elalibhijele umqala lifuna ukumfanisa nehlungulu, kwakunye naloo mazinyo amhlophe ayemana ukuthi menye kobo buso babuzele uncumo olwaluntama uthando olungazenzisiyo kumninilo. Yayingumfundisi. Ebusweni wayetsho ngesiva esasixwese isidlele, simfanele ndithetha enga wazalwa naso.
Uthe akungena lo mfo wabonakala ephakama utitshala esihlalweni emhlangabeza, kucaca ukuba uyamfanisa. Akufika kuye wolula isandla embulisa, wenjenjalo nomhambi, baxhawulana.
'Tyhini bhota Thole!' watsho utitshala esixhuzu-xhuzula isandla somhambi ehleka.
'Titshala uza kudliwa, layekwa elo gama,' watsho umhambi, phofu ehleka.
'Uthini na mfondini? Nguwe lo? Waba ngumfundisi ngenene? Uyazi ndimana ukuyiva nje le nto ndingakholwa,' watsho utitshala esibambile njalo isandla somhambi.
'Ndim lo, kholwa,' yabamfutshane yatsho impendulo yomhambi. Bebambene njalo kwathi xum kwee cwaka, zaphela iindaba, bajongana umzuzu. Bebambene njalo zabonakala ziphalala iinyembezi kutitshala. Akazanga abenakho nomhambi ukuzibamba, zabonakala nakuye ziphalala. Balilelana. Bayana ngamehlo abantwana besikolo bemangalisiwe ukuba kuqhubekani.

9.1 Xela into edibanisa uThole nokulila kukatitshala kwisicatshulwa malunga nobomi bukaThole angasazayamanisi nabo. (2)

9.2 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ezisebalini ukuba uThole ebengalindelekanga ukuba angangumfundisi. (2)

9.3 Tolika ngokomxholo wesicatshulwa intetho kaThole enomgca ngaphantsi ethi 'titshala uza kudliwa.' (2)

9.4 Khankanya uphawu lwesimo sikaThole olufumaneka kwincoko ephakathi kukaThole notitshala. Xhasa impendulo yakho. (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com

9.5 Ngqina ngokuzixhasa ngendlela avezwe ngayo amatshijolo kule noveli ukuba umbhali ubuchasile ubutshijolo. (2)

9.6 Chaza isiphelo sobomi bukaThole akuba ebhubhile uThemba noSonwabo. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

'Ndifuna sitshate Bhelekazi, ube ngumfazi wam sahlulwe kukufa sobabini. Umsebenzi omhle owawuwuqalile wuqabelise mntan' asekhaya. Ukuwa nokuphakama kum ndikufumanisa kuxhomekeke kuwe,'
Wamjonga isizungu uThozama enga umthele nqa. Bajongana. Bejongene njalo wabonakala encuma uThozama zisihla iinyembezi. Suka batsibelana, bawolana. Bewolene njalo wavakala uThozama esithi, 'Makube njengokuba uthetha bhuti Thole.'
Emva koko zathanda ukungabi ninzi iindaba kubo bobabini, ingulowo kucaca ukuba ingqondo iyabhadula ezingcingeni, suka kwada kwabonakala ukuba mabohlukane bengafikelelanga zigqibeni zokuba bathini na ngenkalo yomtshato. Bahlukana bebekelene kwelokuba bophinda babonane.
Kwakuzo ezo nyanga yayiza kuhlala iSinodi yamaWesile apho eRhawutini, kulindeleke ukuba kuthi xa kuhlenga-hlengiswa abefundisi uMangaliso anikwe eyakhe iSekethe njengoko wayesoloko engumncedisi phantsi komfundisi uZilindile e-Albert Street. Njengoko ingento iqhelekileyo nebukekayo ukuba umfundisi abe lisoka eWesile, umfundisi uZilindile wamcebisa ukuba kufuneka etshatile phambi kokuba iSinodi ihlale khona ukuze kungabikho magingxi-gingxi ekumabeleni indawo. Wakungqina oko uMangaliso evuma ukutshata. Bathe bakufikelela kumbandela wentombi angayithathayo akaya kude uMangaliso wayikhomba kwalapha eRhawutini, eBharagwana, watsho elichaza kangako ibali lakhe noThozama kumfundisi uZilindile oweva weva wamkhuthaza uMangaliso ukuba atshate yona le ntombi.
Kwacaca ukuba ngenxa yokunqongophala kwexesha umtshato mawukhawuleziswe kwalapha eRhawutini kusukeliswe ...

9.7 Tyhila ubunyani bamazwi anomgca ngaphantsi ngokolwazi lwakho lwebali. (2)

9.8 Chaza ifuthe lokuhamba kukaThole kwiindlela zobutshijolo ekukhuleni komxholo wokuthatha izigqibo ezizizo kule noveli. (2)

9.9 Xhasa ngebali likaThole ukuba intshisakalo yobufundisi iyathimba emntwini ngaphakathi nokuba sele ephuma endleleni ade ayilandele. (2)

9.10 Cacisa ngeengongoma eziNE ukuba abantu abasondele kuThole bancedisile kubutshijolo nasekumakheni kule noveli. (4)

9.11 Phawula ngenxaxheba yomxholwana wothando kwisiphelo esimnandi sale noveli. (2) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Iindidi zabantu umlinganiswa ahlangana nazo endleleni yobomi zinegalelo ekuweni nasekuphumeleleni kwakhe.

Xhasa olu luvo ngomlinganiswa onguMfazwe kule noveli.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

Ndahlala phantsi phezu kwedlaka ndajonga isixeko esi, usathe thaa umfanekiso kaNokuzola egonwe nguFriday. Ndiyakubona ukupakaniswa nokuxushwa ndixhaywa ndixhatshazwa ngabantu abangazi nto, eyona nto yandixhelayo nguZo ezingalweni ezinuka umzondo zikaFriday. Ndahlala ndacinga. Ndathatha isiganeko ngasinye kuthando lwam noNokuzola, ndizama ukufumana ukuba umhlwa onguFriday waqala nini na ukonakalisa. Yandiqhuba yona ingqondo, ithi iseBhakubha ibe iseLatakisa.
Kanti kuhleliwe nje uNokuzola uyachwechwisa ecaleni? Yathuthumba intliziyo yam. Ngale yona into ndandiqinisekile. Ndakhumbula neemini awaye akhe anyamalale ngazo, lingabikho idinga ebesilibekile, ndithi ndakumbuza athi, hayi ebephangele. Ndandingazange ndayenza nento yokuya kumkhangela emsebenzini, kuba ndisonqena iintetha ezininzi. Wayebika unina ukukhohlakala nje, inokuba wayesenzela ukuba ndingaze ndilubeke kowabo, kuba hleze kuvele izinto, intombi kuhleliwe nje idla isula. UNokuzola, lo besendimana ndizithembisa ukuba uya kuba yintonga yam esekhosi, nguye kanye lo undiqhola ngothuli?
Kutheni ekhetha imini enje ukundibonisa ukuba lonke ixesha eli <u>kanti ebenkwalambisa?</u> Intokazi ethi mfondini ukuba ikhe yancuma ngendlela apha ebindinqumla umphefumlo, kanti lonke elo xesha indojela umnga! Naxa ndandisazi ukuba sasithandana nje, ndingembangi ke ngoku, ukuba kuthe kanti yinyani yonke le nto yayiphehluzelisa ingqondo yam, ndandingasokuze ndimxolele ubomi bam bonke. Ndagqiba kwelo.

11.1 Xela into edibanisa uNokuzola noFriday ngokwengcinga zikaMfazwe ezikwisicatshulwa. (2)

11.2 Ngqina ngezenzo eziBINI ukuba ngenene uFriday ungumhlwa ngokwamazwi kaMfazwe anomgca ngaphantsi. (2)

11.3 Tolika ngokomxholo wesicatshulwa ingcinga kaMfazwe enomgca ngaphantsi ethi 'kanti ebenkwalambisa'. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


11.4 Khankanya uphawu lwesimo sikaNokuzola olufumaneka kwiingcinga zikaMfazwe. Xhasa impendulo yakho. (3)

11.5 Ngqina ngokuzixhasa ngendlela avezwe ngayo amatshijolo ukuba umbhali wale noveli uchasene nengcinezelo. (2)

11.6 Chaza isiphelo sikaMfazwe akuba ebhacile, wahlukana noFriday. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

| |
|---|
| 'Sowuhamba ufuna ukunceda abantu ngemithwalo yabo uphi owakho? Uyazi ukuba ootsotsi aba baninzi?' Ithe ukuba itsho ajika amehlo ajonga kuthi, sekukho ababonakala betshela bezisondeza kubo izinto ababeziphethe.<br>Ndingaqinisekanga ukuba amapolisa andawoni na, ndathetha ngokukhawuleza ndisiviwa ngabaninzi ababekufuphi. 'Eyona nto ndizama ukusindisa wena kulaa mapolisa ezayo. Aza kukubambela ukunxila oku, kanti uya kukwazi ukuzibamba ade agqithe ukuba akusindwa zezi zinto uziphetheyo. Uyawazi amapolisa alapha indlela ageza ngayo!' Kwathi kanti nditsho enyameni, kuba baba baninzi abandingqinelayo.<br>'Hayi suk'apha, undoyikisa ngamapolisa, ndiyaphi nawo, wona akanxili kakade?'<br>'He mfondini, utywala obu buyakwala hi! Yenza le nto uyixelelwayo uzisindise, usindise nathi aba. Akuboni ukuba uza kubanjwa, ubambise nabanye? Khawulezisa sebefutshanisile aba bantu.' Latsho elo lizwi emva kwethu, kubonakala ukuba linexhala, lingqinelwa nangabaninzi. Uthe esalibele kukumbombozela umfo wotywala, ndayithi hlasi idyasi, tyuu egxeni, nqaku iimpahla ezisongelweyo ndaziphakamisa. Wema ke yena emva kwam, esamana ukuthi akugqiba ukubhodla ambombozele.<br>'Icuba lam likuloo dyasi, ulilumkele, uyinto kabani kakade?' Impendulo akazange ayifumane, kuba kwaphazamisa ipolisa kude kufuphi nathi libiza umfo owayegqitha.<br>'Yiz' apha wena.' Bathi bejika iintloko nje abanye, ndaqinisa intamo ndajonga phambili.<br>'Hayi, andenzanga nto.' |

11.7 Tyhila ubunyani bamazwi kaMfazwe anomgca ngaphantsi athi amapolisa ayageza ngokolwazi lwakho lwebali. (2)

11.8 Chaza ifuthe likaFriday lokungcungcuthekisa uMfazwe ekukhuleni komxholo wengcinezelo kule noveli. (2)

11.9 Xhasa ngokwale noveli ukuba umntu olwela inkululeko yelizwe lakhe ukhe abone kusisisombululo ukulishiya, alifulathele kwangenjongo yokulilwela. (2)

11.10 Cacisa ngeengongoma eziNE ukuba amapolisa akuncedisile ukukhula kwengcinezelo nokusombululeka kwayo kule noveli. (4)

11.11 Phawula ngenxaxheba yomxholwana wothando kwisiphelo esimnandi sale noveli. (2)
**[25]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## UNCWADI LWEMVELI

## UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Iindidi zabantu umlinganiswa ahlangana nazo endleleni yobomi zinegalelo ekuweni nasekuphumeleleni kwakhe.

Xhasa olu luvo ngomlinganiswa onguFudwazana kwintsomi 'Intsomi yeenyamakazana' kunye noSteve Biko kwisibongo u'Enkosi Steve Biko'.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

## UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G**

**IMBALI KANXELE**

Ithi imbali kwathi kwakumka uMfundisi uNyengane kumhlaba wamaXhosa kwavela uNxele kwilali yaseMgwangqa kumhlaba kakumkani uNdlambe nowafika esithi uhambisa obekuthethwa nguNyengane, phofu bekho ababeyithandabuza loo ntetho yakhe. Ubedla ngokuthi xa efundisa abantu uNxele, athi iinkosi zimbini zaye zihlala emanzini. Kwezi nkosi enye yazo yayinguTayi ngeli xesha enye inguDalidephu. Ubebethelela ukuba abantu bakwaNdlambe xa bewela umlambo banqule ngokubulisa besithi, A! Tayi! A! Dalidephu! Lo yayingummiselo awubekela abalandeli bakhe. Ebenemiqathango ayibekela uluntu lwakhe umfo kaGwala lo esithi abantu mabayeke ukuthakatha balahle ubuthi, bayeke ukukrexeza. Ingulowo nalowo makabule echaza konke okubi nokuyinkohlakalo awakha wakwenza amadoda nabafazi babula, ngokulandela lo myalelo. UNxele, uMcwerha uthe akubona ukuba uyalandelwa kwiintshumayelo zakhe wavela nesithembiso esitsha sokuba ababhubhayo baya kuvuka bonke ekufeni bephuma kulwandle lwakwaGompo. Kodwa wona amaNgqika aya kuba ziinkuni, iimbovane, amawa kuba asoloko enezandla ezixhaphe igazi.
AmaRharhabe avakala esithi kungokuba kutheni na le nto zonke ezi zinto zithethwa ngulo kaGwala, engokabani na kakade yena? Ingaba aphi na amaphakatrhi akwaNdlambe angamaJwarha, amaCirha kunye namaNtakwenda. Alikhuphe lapoqa amaRharhabe ukuba uNxele makade avunywe ukuze kucace eyona nto aza kuba yiyo. Ngokwenene wavunywa ngamawabo wasiwa ecamagwini ngeenkomo ezimdaka, ezilubhelu nezimnyama kodwa zabe isininzi sazo izezimdaka kunye nezilubhelu. AmaNgqika namaGcaleka awuzimasa lo mcimbi ngelokoyika ukujika abeziinkuni, iimbovane namawa. Kananjalo ayesoyika ukumka noqhwithela lomoya njengoko wayethethile uNxele esithi basisizwe esiya kubalixhoba loqhwithela. Ahamba enqula, ekhahlela kuyo yonke imilanjana ekhala ngo 'A! Tayi, A! Dalidephu!' bephatha kubonga besithi:
UQweqwedu phezulu, umkhonto awungeni,

Downloaded from Stanmorephysics.com

> Iqutu likaTayi,
> Inkonjan' emnyama edlala emafini;
> Iqutu elimgxade.
> Uthe ofuna ikhubalo wabalekela khona ukuze naxa kududuma izulu anqule enjenje, 'Ta zulu likaTayi!' Oku ebekutsho kuba eligxotha. Abantu babeqhele ukuva kusithiwa uNxele lo yinto kaBhalala, umNgwevu, kanti akunjalo, uyinto kaGwala waseMaCwerheni. KwaBhalala waya engumfana elandela unina kunye noodadewabo nomkhuluwa wakhe uMagolo. Ngelo xesha uyise ebesele ebhubhile, wasele ehlala kwaNtentema emaMbalwini. Elona gama lakhe wayesaziwa ngalo ngamaRharhabe lelokuba nguMakhanda, koko kwaduma elobucamagu bakhe, elokuba nguNxele. Wabanjwa ngamaNgesi, xa eyokungenela iRhini nemidushane, wawezwa wasiwa esiQithini saseRobben Island. Wafela esiqithini ngomhla ngomhla wama-25 kwinyanga kaDisemba ngomnyaka we-1819, phofu kungekho nesinye isiprofetho sakhe esiye sazaliseka. Yiyo le nto kukho isaci, 'Ukuza kukaNxele.' Oku kuthetha ukuba nayiphi na into elindelweyo ize ingazaliseki kuthiwa kukuza kukaNxele. Iphela njalo imbali.

13.1 Xela into eyahlukanisa umfundisi uNyengane noNxele ezingqondweni zabantu bakwaNdlambe. (2)

13.2 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba uNxele wayezama ukuzifanisa noNyengane. (2)

13.3 Tolika ukubula ngokomxholo wesicatshulwa esingentla. (2)

13.4 Khankanya uphawu lwesimo sikaNxele olufumaneka kwingxoxo engaye yamaRharhabe ekwisicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (3)

13.5 Ngqina ngokuzixhasa ngokufa kukaNxele ukuba umbalisi wentsomi uchasene nabaprofethi bobuxoki. (2)

13.6 Tyhila ukuba intsomi iyayinika impendulo ngemvelaphi yesaci esithi, 'ukuza kukaNxele'. (2)

13.7 Ingaba le ntsomi ingemvelaphi yezinto okanye yintsomi eyimbali? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA H**

**INTABA KANDODA – LS Ngcangatha**

Ayembazel'iindlebe amaXhos'akowabo.
Ephambi kwawo waphinda wathetha kwakhona,
'Masakhe imizi apha, silime nokulima,
Kule mimandla erhangqe le ntaba kaNdoda.'

Yatsho inkonyane yohlanga, ithole lomthonyama.
Latsho likhomb'iziphaluk'eziphahla iNtaba kaNdoda.
Kwathi kanti lisitsho nje lizifak'engozini.
<u>Kumhla labon'inyoka ikhwel'emthini ingenazinyawo</u>.

AmaLawu wayewapheth'emanyeni ngokumisa kule ntaba.
Laf' ilizwe ngesiquphe, kwanyathelwana ngoobhontsi.
Laphalala lisisantyalantyala igazi, lafunxwa ngumhlaba.
Yagqoloda, yangqulwa indoda, yaya kwelemimoya.

Kwaba masikizi kuloo mfazwe kuloo ntaba.
Kungekudala lwadilik'udonga kwicala lamaLawu.
AbaThwa bada bavus' umnyele, bangenelela.
Zanqoza kwakhona kuhlaselw'amaXhosa.

'Tsiha-a-a-a-a-a-a-a-a-a! Izikhali zikaRharhabe!'
Watsho umXhosa egwaz' ephindelela.
Kwada kwacac'icala ovuthezela ngakul' umoya.
Babalek' abaThwa, bayifulathela loo ntaba.

13.8 Xela (a) amaXhosa akowabo awayebaz'iindlebe (b) nethole lomthonyama eliwisa imiyalelo, akhankanywa kwisitanza sokuqala nesesibini. (2)

13.9 Tolika umqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicatshulwa sesibongo ngokomxholo waso. (2)

13.10 Chaza umfanekiso ntelekelelo odalwa lulandelelwano lweziganeko oluqulethwe yimiqolo 11–12. (2)

13.11 Xela izizwe ezabandakanyekayo kuhlaselo lwamaXhosa ngokwesitanza se-4. (2)

13.12 Ngokwesicatshulwa sombongo xela udidi lwembongi ebonga kulo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukusukela kumbuzo we-14 ukuya kumbuzo we-17.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OSISINCOKO SONCWADI kunye NOMBUZO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

**QAPHELA:** Xa ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).
Xa ukhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) KUNYANZELEKILE ukuba ukhethe umbuzo OSISINCOKO SONCWADI kwiCANDELO C (kwiDrama).

### UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Isohlwayo sikaNomaMpondomise nesikaGugulethu kule drama sihambelana nezenzo zabo.

Hlalutya olu luvo ngokwale drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

### UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ISICATSHULWA I

| | |
|---|---|
| UMANTYI: | ... Uninzi lwamadoda luwagqibile amantombazana ngokuwathembisa ngomtshato suka emva kwayo yonke loo nto ehle nomcinga angaziphumezi izithembiso zawo. Zibe yini ke iziqhamo zoko? Suka uve intombi kusithiwa izixhomile; suka uve intombi kusithiwa izeyelisele emlanjeni; suka uve intombi kusithiwa idle ityhefu yafa; suka uve intombi kusithiwa iphambene, njengoko nangoku singazi isenzo sakho ukuba sozala nkomoni na. Kulindelekile nangaliphi na ixesha nangoku ukuba singeva enye yezi zinto ndizibalayo, kuyo le ntombi kaLangeni. Ngoko ke Gugulethu ndikufumanisa unetyala ngokwaphula isithembiso. Ndiyakugweba, ndikugweba iinyanga ezintandathu usebenza nzima okanye amashumi amahlanu eeponti ukuba uyazikhupha. |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | |
|---|---|
| UGUGULETHU: | Ndiyabulela Nkosi ugwebe kakuhle, sindifanele isigwebo sakho. |
| UZWILAKHE: | Ndiyamkhupha Nkosi. |
| UGUGULETHU: | Mus'ukuzikhathaza bawo. |
| UZWILAKHE: | Nkosi ndiyamkhupha, nanga amashumi amahlanu. *(Uyawakhupha)* |
| IPOLISA: | Nkqo! Nkqo! Nkqo! *(Liyangena)* Nanku uNomaMpondomise kusithiwa uzeyelisele emlanjeni eMthatha, kuthiwa selefile. |
| UMPHATHI MAPOLISA: | Sukelani mapolisa! |
| UMANYAWUZA: | Yho-o-o! Umntanam! Umntanam! Kazi ndingumntu oyintoni na bantu bakwaNyawuza! Ndincedeni ngomntanam! Yho-o-o! *(Uyagibiseleka uyafa)* |
| UGUGULETHU: | Awu, yini na le ntombi kaLangeni? Uyandishiya na kweli phakade? Bungamyoli na ubomi kum ngaphandle kwakho? Nakanye. Maze undikhumbule ndiyeza; ndanga ndingahlala ngasekunene kwakho kwelo lizwe lizayo. Liyaduduma! Liyaduduma. Lidlula nemiphefumlo. Buzani kubawo! Buzani kubawo! *(Uthetha la mazwi ezula enkundleni ngathi uyedwa akaqondi ukuba kukho abantu)* |

15.1 Xela isenzo akhethe ukusenza uNomampondomise kwezibalwa ngumantyi sakube singaphunyezwanga isithembiso sakhe. (1)

15.2 Nika iimpawu zibeMBINI ezixela ukuba isicatshulwa esingentla sithathwe kwidrama. (2)

15.3 Tyhila ukuhambelana kwesihloko sale drama esithi 'Buzani kubawo' nokuqulethwe kwisicatshulwa esingentla. (2)

15.4 Chasa okanye uxhase uluvo lokuba uZwilakhe uyazohlwaya enkundleni ngokwamazwi akhe anomgca ngaphantsi. (2)

15.5 Phononongа isigwebo senkundla esiwiswa kuGugulethu kunye nesenzo sakhe. (2)

15.6 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba ubomi bukaGugulethu khange bubemyoli emva kokushiywa kwakhe nguNomaMpondomise. (2)

15.7 Cacisa ukuchaneka kwamazwi athi, *'Liyaduduma. Lidlula nemiphefumlo.'* ekuchazeni ingxaki elikuyo ikhaya likaGugulethu nelikaNomaMpondomise. (2)

**KUNYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ISICATSHULWA J**

UGUGULETHU: He-e-e, niyabona ke kwagqitywa, mhlawumbi nina lo 'Kugqityiwe' namthabatha kancinane kanti ke wayethetha into enkulu. Wathi akuphuma lo 'kugqityiwe' kwintombi kaLangeni nam ndatsho ndathi, 'kugqityiwe' kwathiwa ezulwini 'Amen'. Emazulwini kwabhalwa ngelo xesha ukuba nditshatile nentombi kaLangeni. Lo 'kugqityiwe' wayethetha ukuthi libotshiwe iqhina lomtshato phakathi kwam nentombi kaLangeni. Lo nindibuza ngaye umfazi andimazi, asingowam ngowenu. Owam umfazi yintombi kaLangeni, nasezulwini ndohlala ekunene kwakhe.

UNYANISO: Hayi ke mfo wam siyoyisakala, umdala asingekhe sakutyhala ngesixhanti xa ungazimisele kuya ekhaya, akunguye mntwana into eqweqwediswayo, singazi kukubophelela nangentambo akulilo igeza, akuphambananga; ligeza lodwa into ebotshelelwayo. Nto nje ndingaphinda kwilizwi ebe likhe lathethwa ngumfo kabawo lo uMthetho elithi, 'Iintliziyo zethu ziligazi nguwe, zama ukusixolisa', ukuba unayo indlela.

UGUGULETHU: Ndilusizi bawokazi, andinayo indlela.

UNYANISO: Njani Hlubi?

UGUGULETHU: Kalusizi.

UNYANISO: Xa inguwe ke ongenakusixolisa, ngubani omnye ongasixolisayo?

UGUGULETHU: Buzani kubawo.

UMTHETHO: Mfo kabawo Nyaniso kwanele ngoku, siwuzamile owethu umzamo. Njengoko sewutshilo nawe wathi asinakho ukumqweqwedisa lo mfana akamntwana, asinakho ukumbophelela akalogeza, ndibona ukuba masicele indlela sigoduke.

UGUGULETHU: Hayi hambani bawokazi. Kodwa ke anizi kuhamba ngoku niya kuhamba kusasa, ndinikhaphe ndinise esikhululweni. Kaloku bawokazi andixabananga nani aningede niphume olo hlobo.

15.8 Tolika igama, 'kugqityiwe' ngokwamazwi kaGugulethu akwisicatshulwa. (2)

15.9 Khankanya ubuthathaka abenabo uZwilakhe negalelo labo kubuzali bakhe. (2)

15.10 Cacisa igalelo lokwahlulelana kwamaxesha ezimbalini kuxambuliswano oluqhubeka kule drama. (2)

15.11 Chaza ngokuzeleyo (a) okuza kulandela emva kokwala ukugoduka kukaGugulethu kunye (b) nenguqu kubomi bakhe. (2)

15.12 Nika umyalezo oqulethwe sisiphelo sikaThobeka kule drama. (2)

15.13 Xela udidi lwabantu onokulucebisa ukuba lufunde le drama. Xhasa impendulo yakho. (2)

**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Isohlwayo sikaMaqhikizane nesikaMamQhinebe kule drama sihambelana nezenzo zabo.

Hlalutya olu luvo ngokwale drama.

Ubude bempendulo ecwangciswe ngokukuko mabube ngamagama angama-340–390. **[25]**

**UMBUZO 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INDLAL'INAMANYALA* – M Lamati**

Funda izicatshulwa zoncwadi ezingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA K**

| | |
|---|---|
| DLEZINYE: | Amapolisa? Eee, ziintsana ezo kuwe Thole lesilo. |
| MAGRAZULA: | Ziintsana wona amapolisa kum Dlezinye. Kodwa ke nawe uyazi ukuba asindim ohamba ezingela ezi ntloko. Ezi zithunywa ke zisuka zibhatyaze, zibe zizisulu zamapolisa ke ngolo hlobo. |
| DLEZINYE: | Kodwa ke nawe Mhlekazi kudala ndisithi ndivumele ndiwenze ngokwam lo msebenzi wezi ntloko. Akukho polisa linokundibamba mna. |
| MAGRAZULA: | Hayi Dlezinye, hayi. Uthi xa kunokuphuma wena, ngubani onokushiyeka esenza lo msebenzi ungaka aph'ekhaya? |
| DLEZINYE: | Ndabezitha! Thole lesilo! Kucaca ukuba undithembile ngenene Mhlekazi. |
| MAGRAZULA: | Into endithuthuzelayo nje yile yokuba kubo bonke aba bantu sele bebanjiwe, akukho namnye osele etwele igama lam. |
| DLEZINYE: | Ewe, yinyaniso leyo Mhlekazi. Yinyaniso emsulwa leyo. |
| MAGRAZULA: | Loo nto ke indinika ukuphumla komphefumlo, kuba ke ekubanjweni kwabo andingeni ndawo konke-konke. <u>Andithi na ndiyabahlawula ngentloko nganye abayizisa kum?</u> |
| DLEZINYE: | Yinyaniso leyo Mhlekazi. Yinyaniso emsulwa leyo. Umntu makazitubhele ubuyatha bakhe. |
| MAGRAZULA: | Uyabona ke Dlezinye, ndikuthandela le ngqondo yakho ichutywe kangakanana. Umntu makazibondele umqa wakhe. |
| DLEZINYE: | Kwowu! Ziindaba ezimnandi ezo kum, ukuthi kanti kuhleliwe nje, iNkosi yam iyayiqaphela ukuba ichutyiwe ngenene le yam ingqondo. |
| MAGRAZULA: | Hayi ichutyiwe yona ingqondo le yakho, kodwa ke asikokuphela kwento esiya kulala sitye yona leyo. |
| DLEZINYE: | Aa! Magrazula! ... |

17.1 Xela isenzo esifaka izithunywa zikaMagrazula kwingxaki yokubanjwa ngokwesicatshulwa. (1)

17.2 Nika iimpawu zibeMBINI ezixela ukuba isicatshulwa esingentla sithathwe kwidrama. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


17.3 Tyhila ukuhambelana kwesihloko sale drama esithi, 'Indlal'inamanyala' nokuqulethwe kwisicatshulwa esingentla. (2)

17.4 Chasa okanye uxhase uluvo lokuba uMagrazula uyadlisela ngokwamazwi akhe anomgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

17.5 Phononongа ukungabanjwa kukaMagrazula noDlezinye, kubanjwe abathunywa babo. (2)

17.6 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba ubomi bukaMamQhinebe noMaGatyeni khange bubemyoli emva kokuba beyokujoyina kwaMagrazula. (2)

17.7 Cacisa ukuchaneka kwegama, 'umqa' ekuchazeni ingxaki abazibona bekuyo uMaGatyeni noMamQhinebe ngemini yesigwebo. (2)

**KUNYE**

**ISICATSHULWA L**

| | |
|---|---|
| SIBANE: | ... Wena Siqhiwu thatha nantsi i*tape recorder*, uyifake aph' epokothweni. Seyingxashiwe. Thatha nali neli khulu leerandi lifunwa yile nkewu. |
| SIQHIWU: | Incinci kamnandi le tape. Akanakukrobela nokukrobela ukuba ikho aph' ezipokothweni zam. |
| SIBANE: | Wena Siphokazi thatha nantsi eyakho i*tape recorder*. Wena ke uza kuyifaka aph' ebhegini. Nayo seyivuliwe. |
| SIPHOKAZI: | Enkosi Kheneli. |
| SIBANE: | Ngenani ke. Mna ndiza kunilinda apha phandle. |
| SIQHIWU: | *(Ankqonkqoze, avule ucango angene.)* Molo Mhlekazi. |
| MAQHIKIZANE: | *Yes Sir*! Uliphethe icuba lam phofu? |
| SIQHIWU: | Nali ikhulu leerandi Mhlekazi, njengezigqibo. |
| MAQHIKIZANE: | Kuthe kanti uyindoda, Zis' apha ke. Ufike ngomso uze kuqalisa ukuphangela. |
| SIQHIWU: | Enkosi Mhlekazi. |
| MAQHIKIZANE: | Uphi yena uSiphokazi? |
| SIQHIWU: | Nguye lo apha phandle Mhlekazi. |
| MAQHIKIZANE: | Mxelele angene.<br>*(Aphume uSiqhiwu)* |
| SIQHIWU: | Ngena Meli. Likufuna ngamehlo abomvu isele phakath' apha. |
| SIPHOKAZI: | Liza kundifumana. *(Ankqonkqoze, avule ucango angene.) Hello daddy*! |
| MAQHIKIZANE: | Hello sithandwa sam! Uphilile phofu sithandwa? Bendingasakukhumbuli ngako nje. Uzifihle phi na? |
| SIPHOKAZI: | Ndiphilile *daddy*. Unjani wena? |
| MAQHIKIZANE: | Ndiphilile nam. Sendingxamele ukude ndive ukuba isicelo sam siyamkeleka na. |
| SIPHOKAZI: | Ukuba siyamkeleka *daddy*, ndiza kuwufumana ngoko nangoko umsebenzi? |

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | |
|---|---|
| MAQHIKIZANE: | Isithuba sakho sikulindile ngoku ndithethayo. |
| SIPHOKAZI: | Kulungile *daddy,* ndiyavuma. |
| MAQHIKIZANE: | Khawuze ke sana lwam khe ndithi mathu-mathu. |
| SIPHOKAZI: | Hayi kaloku *daddy.* Siya kuthini xa kungena umntu sisancamisana e-ofisini karhulumente? |
| MAQHIKIZANE: | Ndingurhulumente ngokwam maan. Kutheni ingathi akuyiqondi ...? |

17.8 Tolika ibinzana, 'icuba lam' ngokwamazwi kaMaqhikizane akwisicatshulwa. (2)

17.9 Khankanya ubuthathaka abenabo uMaqhikizane negalelo labo ekuhleni kwesidima sakhe sokubangumqeshi karhulumente. (2)

17.10 Cacisa igalelo lendlala kuxambuliswano oluqhubeka kule drama. (2)

17.11 Chaza ngokuzeleyo (a) isenzo esiza kulandela kunye (b) nenguqu kubomi bukaMaqhikizane emva kohambelo olukwisicatshulwa. (2)

17.12 Nika umyalezo oqulethwe sisiphelo sikaSiphokazi kule drama. (2)

17.13 Xela udidi lwabantu onokulucebisa ukuba lufunde le drama. Xhasa impendulo yakho. (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2024**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha angama-25.**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Esi sikhokelo sokumakisha silungiselelwe ukuba sibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Esi sikhokelo sokumakisha siza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekishwa kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akavumelekanga ukuba aphendule umbuzo omde nombuzo omfutshane kudidi olunye loncwadi)**.

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo ekwiCANDELO A, (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCandelo B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithandathu imibuzo (kwiNoveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokungachanekanga, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwisikhokelo sokumakisha.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. **Imibuzo esisincoko.**
   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu.

8. **Imibuzo emifutshane.**
   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

   **Kwimibuzo evulelekileyo**, musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo ehambelana nokhetho olo.

   Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI okanye LULUVO/YINYANI. Makisha impendulo exhasayo ehambelana nokhetho olo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: ISIHOBE**

***IMIHOBE YESIXHOSA* – B Ngombane**

**IMIBONGO EFUNDISIWEYO**

**UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

**'IMFECANE' – JJR Jolobe**

Sebenzisa la manqaku alandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo. Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo. Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-25 ukuhlola lo mbuzo.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Umbongo ‘imfecane’ uneempawu zokubayindumasiso, ngenxa yokuba ubalisa ibali ngesiganeko esasikhe senzeka. Sesinye sezixhobo neenjongo zendumasiso ukudakanca intlungu abakuyo abantu abachatshazelwa sisiganeko ekubaliswa ngaso. Kwizixhobo ezisetyenziswayo, ukucwangciseka kwezehlo nendlela ezilandelelaniswa ngayo komeleza injongo yokudakanca intlungu. Esi sincoko sicazulula ifuthe lokulandelelana nokucwangciseka kwezehlo ekuqondeni ukunyukela kwentlungu yamaHlubi ngexesha awayemfenguza ngesiganeko seMfecane.

- Isehlo sokuqala sidala umfanekiso wentlungu yabantu abasabayo beshiya amakhaya abo, kusisisi nje emva kwabo. Ngokwesi sehlo bayanyanzeleka bashiye amakhaya, izixeko zingumthuthu oshushu kungasekho zindlu namakhaya bebonakala belamba nasesiswini, bengenanto, ngokukodwa bengenathemba.
- Ibali livula nomfanekiso wentsabo, umbalisi ayichaza njengendimbane yentsabo ngenxa yobuninzi babantu ababandakanyekayo.
- Ngokomfanekiso ozotywayo wababandakanyekayo koku kusaba, iimbacu zingamadoda nosapho.
- Ngokwesi sehlo amadoda nosapho asabayo abonakala engazazi apho aya khona kodwa kucacile ukuba awasenalo okanye Iaaxhwithwa ithemba lokubanekhaya.
- Esilandelayo isehlo kolu cwangciso, singumbono wogxagxamiso afakwa kulo amaHlubi ngamaNgwane kucaca mhlophe ukuba ayadudulwa. Ugxagxamiso luhamba nokuthiwa mbende lutshaba ukuba bawashiye amagquba.
- Kulandela iinzima eziveliswa yimbali ngokuthi, bayafohleka kwiindada, bawela imisinga yamanzi, indlala ibaphethe. Usizi lubonakala luzingile de lube luthatha nendawo yokutya kubomi obuqhelekileyo. Kutsho kuqaqambe imeko yendlala ethathelwe indawo lusizi.
- Ngokokucwangciseka komhobe ngoku sebephila ngamabonandenzile. Basindile abasindileyo kwiingozi zendlela eziquka amarhamncwa.
- Kumzali akukho nto iba buhlungu ngaphezu kokuncwinelwa lusana ungenacebo lokulusindisa. Usana olufayo ngumqondiso wokufa kwesizwe kuba asikhuli, asibheki phambili xa lutshabalala usana.
- La maMfengu eva intlungu xa ebuzwa amakhaya, kuxhokonkxwa ubuzwe bawo abangasenabo bebuzwa iinkosi zabo kube iyiyona nto bayifuna ngakumbi. Babonakaliswa bekulaa ndawo yokuba sebefuna nayiphi into enokubanceda ukuze babuye benamakhaya nobuzwe obabusebahluthwayo kubo nabo.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) **[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'UJOHN TENGO JABAVU' – SEK Mqhayi**

2.1 Njengel'enduna√/Nqeberh'enkulu.√ (2)

2.2 (a) AmaXhosa ayibanga ngelithi yekaNtsikana.√
(b) AbeSuthu bayibanga ngelithi yekaSotshangana.√ (2)

2.3 (a) Ziza kuziphelela iimfazwe zamakhaya√/(b) KuMaXhosa kutshabalele ikhwele.√ (2)

2.4 Silucacisa ngokulufanisa ulwazi nento exabisekileyo abantu abasele beyazi ezingqondweni zabo ekukuvela kwelanga ngaphaya kwamafu√√/Silucacisa ngokudala umbono wokukhanya okuxabisekileyo ezingqondweni zofundayo xa sele lufikile ulwazi√√/Silucacisa ngokufanisa ngokungangqalanga ukufika kolwazi novakalelo oluxabisekileyo ngemifanekiso ngqondweni enjengowesikhumba noweliso.√√/Silucacisa ngokudala ukuliqonda ifuthe lokuxabiseka kolwazi ngokulifanisa ngokungangqalanga nokuphuma kwelanga emafini okusele kusaziwa.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

2.5 Yeyalelayo√ kuba isigama esiyalelayo esingoo, 'yitsho, thob'izandla, nquml'ingxolo, nquml'intetho, uzubuye' sidala uvakalelo lokuyalelwa kumfundi√/ kuba ofundayo uziva eyalelwa sisigama esinjengoo, 'yitsho, thob'izandla, nquml'ingxolo, nquml'intetho, uzubuye'√/ Yeyokuzimanya nenjongo yokuthunywa√ kuba ukusebenzisana kweziyaleli nezihlanganisi kumenza ofundayo naye azibone ezibophelela kokufanele kwenziwe.√
(Nayiphi na kwezi.) (2)
**[10]**

**UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'MHELA MFONDINI' – GV Mona**

3.1 Inkwenkwe iyazihlanganisela.√/ Kwelakowethu ukuzuma lityala√/ Khawuthob'iqulo mfondini-ndini √/Mhela mfondini.√/ /Ndiphuthum'elam'ikhohlombe.√ (2)

3.2 (a) Xa ephuza umhlaba√/xa egevezela amadolo.√/ Xa ulwimi luyinkabankaba√/ xa ewile ngobuso√/ xa ewile√
(b) Ewileyo ayibhuqwa.√ (2)

3.3 (a) Kunqandwa umkhwa wokuxhaphaza√/wokuvuyelela.√
(b) kukhuthazwa ukulindana√/ukuhloniphana√/ ukuxabisana√/ ukuhlonelana.√ (2)

3.4 Ukuphindaphindwa kwezilanduli ezikwisixando sokwenzana komeleza/kubethelela imfuneko yokungamxhaphazi omnye.√√/ Ukuphindaphindwa kwesimamva sesixando sokwenzana kunqanda ngokubethelela/ngokugxininisa ukubandakanyeka kwamacala omabini ekubeni umntu ngamnye angaxhaphazi omnye, angavuyeleli omnye koko axabise ahloniphe omnye.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

3.5 Yenqonqozisayo√/yebethelelayo√ kuba isitanza sisebenzisa amanqanaba okuhlonelana; kwamakhwenkwe ukubethelela imfuneko yokuhlonelana/ isitanza sibalula amanqanaba okuhlonelana njengoo' amancinane, oonongena, amakhulu, noonosala ngokuhambelana noxanduva lomnye komnye.√/isigama sisebenzisa uphindaphindo lwegama 'hlonela' ngokuhambelana nenqanaba lokukhula komhloniphi nomhlonitshwa.√
[Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'USANA' – ZS Qangule**

4.1 Zinkxwaleko zodwa endlwini.√/Yincwina yodwa egumbini.√/Bubushushu bodwa emzini.√ (2)

4.2 (a) Luthetha ngokulila.√
(b) Luyazisa ngokugxwala.√ (2)

4.3 (a) sisenzo sokuncuma.√
(b) kukukhohlela ebusuku.√ (2)

4.4 Sikucacisa ngokulufanisa ngokungangqalanga usana nembewu kwikhaya yona kujongwa kuyo iziqhamo zokondla usapho.√√/Sikucacisa ngokufanisa ngokungangqalanga usana nento eyaziwa ngokwandisa eyimbewu kutsho kukhanye nakobengawazi umsebenzi wosana kwikhaya/obengakwazi okulindeleke kusana ekhaya.√√ (2)

4.5 Yeyenkxalabo√ kuba uchasaniso olugqamileyo olulubiza ikhwezi lomso luphinde lulibone lulilifu elilengalengayo ludiza inkxalabo√ kuba indlela isithethi esikhetha ngayo amagama adiza ukoyika nethemba elingaphelelanga kudiza kwa-inkxalabo.√
[Nayiphi na kwezi] (2)
**[10]**

**KUNYE**

**UMBONGO ONGAFUNDISWANGA (UNYANZELEKILE UKUBA UPHENDULWE)**

**UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE**

**'UKUTHETHA' – SE Landau**

5.1 (a) Kuhlanga kumiselwe ukuthetha.√
(b) Kwiintlanga kwazinziswa ukuthetha.√ (2)

5.2 (a) Yindlebe.√ (b) Ngumlomo√/lulwimi.√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.3 Kukuyiloza okuvakala kwakuthethwa√/kukucikoza okuvela kwakuthethwa√nokuqonda okudaleka ngenxa yokuthetha.√/umlomo uxhaphazel'amagwebu.√ (2)
(Nasiphi isibini kwezi.)

5.4 Kusetyenziswe ukulingana kwenani lemiqolo kwisitanza ngasinye.√√/ Isitanza ngasinye sakhiwe ngemiqolo emine.√√ (2)

5.5 Ukuthetha kunamacala amabini kuba xa kuthethwa kamnandi kuyathamsanqelisa kanti xa kunyhukrulwa kuyaqalekisa./Kuyathamsanqelisa okumnandi kanti okunyhukrulayo kuyaqalekisa.√√/ Kukho ukuthetha ngenzolo kanti nokunkqangaza kananjalo.√√ (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

***INKAWU IDLIW'ILILA* – S Kula**

## UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Iindidi zabantu ahlangana nazo uThantaswa endleleni yobomi bakhe bale noveli zibenegalelo ekuweni nasekuphumeleleni kwakhe;

- Kwindlela yobomi uThantaswa uhlangana nabalinganiswa abahlukeneyo abathe ngabanye benza umqela kubomi bakhe bale noveli. Abanye babanegalelo ekuweni bambi banegalelo ekuphumeleleni nangona ubukhulu becala bejonge ngasekuweni nje.
- Ekukhuleni uThantaswa uhlangana noMfuneko afumane isiwo ngokuthi abe nomntwana eseyintombi.
- Ukwahlukana kukaThantaswa noMfuneko ngezobutsha babo bekungathatheka njengelahleko kubo bobabini kuba iluthando lokuqala kubo kodwa ukufumana kukaThantaswa umtyhi wokuzibandakanya noMsindisi kungabuya kuthatheke njengempumelelo kaThantaswa.
- Ukuhlangana kukaThantaswa noMsindisi ongusomashishini owaziwayo waseGcuwa, aze azimanye naye ngothando de kuye ekuzimanyeni ngeqhina lomtshato kukhokelela kwimpumelelo. Ukwendela kwindoda enemali kumabhinqa amaninzi kwayanyaniswa nempumelelo.
- Ukuhlangana kukaThantaswa noMfuneko okwesibini, kukuqala kwendlela kaThantaswa ebheka kwisiwo sakhe, nangona yena ezibona ngathi uyaphumelela nje. Uhlangana noMfuneko elipolisa elinamava wezinto zasesipoliseni ezimbi nezintle abe uThantaswa enengxaki yokungaphathani kakuhle noMsindisi ngenxa yokuba kufumaniseke ukuba emtshatweni akanakuphinda ambone umntwana. Iingcebiso namava kaMfuneko zenza ukuba bazibone zingamkhupha uThantaswa engxakini. Ngoko nangoko uThantaswa uyatshintsha ubangumfazi otakayo, etakela uMfuneko. Eso senzo sibalinqanaba lokuqala lokuhlelwa nasisidima somtshato de kuthi kube kuhle nendlela abonwa ngayo ngumntu oncedisayo.
- Ukuhlangana kukaThantaswa noMfuneko kumnika elinye icebo lokumncedisa uThantaswa asuse uMsindisi endleleni ngokuthi abulawe. Ukusebenza kweli cebo kumsusa kumgangatho wokuhamba noosomashishini ehlele kumgangatho wokuhamba noorhunta abangooSixaki, abangababulali basematyotyombeni aseZamokuhle.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Utshintsha ngoko nangoko abenegama lokubangumbulali kubafundi bencwadi, abengumtyholwa kwisipolisa esijongene nokukhuselwa komthetho njengoMapheza ophethe ityala lokubulawa kukaMsindisi. Omnye umntu angathi sele lirhuqa phantsi igama lakhe kodwa yena uThantaswa akakayiqondi loo nto, yimpumelelo kuye leyo.
- Xa ephephaphepha uphando kuvakala Thantaswa wumbi, uThantaswa ofukame inzondo, onqwenela ukuba angafa ngala mzuzu uMapheza. Uguqukile ngokwebali, unguntliziyombi, umbulali onqwenelela yena kuphela okuhle. Ugqobha, engusebekho kumayelenqe ngamayelenqe aquka ukudliswa kukaMapheza ityhefu, ukuthuthwa kukaMapheza esibhedlele ukuze atshiswe ngovutha. Usebenzisana nooSiphongo abathembisa ngokubulala ukuze bazuze imali. Le ndlela yakhe noSiphongo noMfuneko imenza abalwe ngabafundi bencwadi kuluhlu lwabantu abangababulali, abantliziyo-mbi ekhokelela kwisiwo sakhe. Ngokwakuncwadi kungathiwa uliqhawe lentlekele.
- Ngokuhlangana kwakhe uThantaswa noMfuneko uhlangana noosomaqhinga abangooMdlambila abangxangele kwale mali athe kanti naye ufuna yona. Uye esetha amandla xa liphanza nelikaMdlambila icebo. Isidima sakhe simka namanzi kuba uyadula ubunje bakhe.
- Uyanikezela xa kuvalwa ibhanki yakhe ukuze angafumani mali, aziqonde ukuba ufana nongasekhoyo. Udubula uMfuno, azidubule naye afe ngenxa yokuba ezibona ukuba akusekho yakhe xa engasenayo nemali. Isisu abesikhawulwe ufa naso abe njalo ulahlekene nendlela eya empumelelweni kuba abantu abebemxhasa kuthe kanti bayamlahlekisa nje.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 7: UMBUZO OMFUTSHANE**

***INKAWU IDLIW'ILILA*** **– S Kula**

7.1 Badityaniswa kukubanenjongo yokusokolisa uMapheza kuphando alwenzayo lwetyala lokugwintwa kukaYangaphi.√√/Badityaniswa yinto yokuba befuna ukuba afe uMapheza angakwazi ukuliphanda ityala lokugwintwa kukaYangaphi.√√
(Nayiphi na kwezi.) (2)

7.2 UMapheza noMnenga bayinyoka nesele kuba basoloko befungelana ukubethana.√/UMfuneko ubekela uMapheza izabatha ukuze angaphumeleli emsebenzini wakhe.√/UMfuneko umfuna efile uMapheza√/UMapheza uvala indlela yokuba uMfuneko afumane ilifa likaMsindisi√/Bakhombana ngemipu noMapheza besenza ibango likaHlengiwe.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

7.3 Ngokomxholo wesicatshulwa le ntetho ithetha ukuba babeziva bedanile bephoxekile kukuba kanti lo Mapheza beze kukhuza ukufa kwakhe abakuxelelweyo, uyaphila.√√ (2)

7.4 Luphawu lokubalixoki/lwesimo sokungcola/noburhalarhume√ kuba ingxoxo ithi uxokise isipolisa wathi uMapheza ubhubhile kanti akunjalo.√√/ kuba ecingela ububi uMapheza ngokuthi ubhubhile engabhubhanga.√√

Ungumlinganiswa onobungozi/onamanyundululu liphixi/ umxabanisi√ kuba ngokwengxoxo uyawampimpa amanye amapolisa/wazi izinto ezingaziwayo ngamanye amapolisa ezinobungozi.√√ (3)

Downloaded from Stanmorephysics.com

7.5 Ndiyangqina ukuba umbhali uchasene nolwaphulomthetho kuba kule noveli wenze ukuba zonke izaphulimthetho zifumane izohlwayo ngezenzo zazo zokwaphula umthetho ngeli xesha abaxhasi bomthetho bona bephumelela.√√ (2)

7.6 Bobabini banqunyanyiswa emsebenzini.√√ (2)

7.7 Anyanisile kuba kude kwangala mini yencoko kungekabikho luphando luze kufika kuBhanqo noMbuzeli abanebango lokubanolwazi ngezigwinta nokugwintwa kukaMsindisi.√√ (2)

7.8 Ifuthe lokufihlwa kolwazi nguBhanqo noMbuzeli ngezaphulimthetho lilukhulisile ulwaphulomthetho ngokuthi ngeli xesha basabambe ulwazi, lube lukhula ulwaphulomthetho ngokuthi uMapheza obeya kulufumana abe esazanywa ukubulawa, ebekelwa nezabatha ezahlukeneyo.√√/Kwelinye icala belukhula ngokuthi izaphulimthetho zithubelezise izixhobo, zithengiselane izinto zikaMfi, nemipu yasesipoliseni kwaze kwanda ulwaphulomthetho.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

7.9 Ngokwesi sicatshulwa uMapheza ongumcuphi, uphula umthetho ngokuthi angazichazi ukuba ungumcuphi ozokufuna ulwazi ngezigwinta.√√ Waqhatha umzala wakhe ngelithi uza kufumana ibhaso elincumisayo emapoliseni ngokuwancedisa ekubanjweni kwezigwinta zikaYangaphi ekudala zizingelwa.√√/ Wadlula kwindawo yentselo ngexesha lomsebenzi.√√ (2)

7.10 Incedisile ukulukhulisa ulwaphulomthetho kuba ngokophando kufumaniseka ukuba ooSixaki bazithengisa kule thaveni izinto ezibiweyo.√/izaphulimthetho zifumaneka kwithaveni kaMbuzeli.√/ UMbuzeli ongusothaveni nguye osoloko esibanemali okanye onemali yokuthenga izinto ezibiweyo aphinde azisebenzise kwakule thaveni yakhe, zibonwa baze ngolo hlobo baye besomelela abophulimthetho.√
Isisombululo esiza nethaveni sibonakala xa uMapheza efumana ulwazi kuMbuzeli ongusothaveni malunga nezigwinta zikaMsindisi.√/ Ithaveni ivuleleke kumntu wonke kangangokuba umcuphi onguMapheza ungena engacelanga mvume atsho abone newotshi kaMsindisi inxitywe ngusothaveni.√/Ukungeneka kwethaveni kusisisombululo solwaphulomthetho kuMapheza kuba kumnceda ancokole noBhanqo ozonwabeleyo ade abe ukhupha neendaba zokuba yena wazi konke ngokufa kukaMsindisi.√
(Nayiphi na impendulo kwezi.) (4)

7.11 Uthando olukule noveli luyahanahanisa. UMfuneko umthandela ilifa likaMsindisi uThantaswa, kanti uThantaswa naye umthandela kwa-eli lifa aza kuncedwa nguMfuneko alifumane. Luthando olunjongo - mbi olwenza ukuba xa uThantaswa ebona imali yelifa isiya isithi qelele kuye, asuke adubule uMfuneko afe naye azidubule afe sitsho isiphelo senoveli nesabo sibeyintlekele.√√ (2)
(Nayiphi na kwezi) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 8: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

Iindidi zabantu ahlangana nazo umlinganiswa zinegalelo ekuweni nasekuphumeleleni kwakhe.
Kwindlela yobomi uThole uhlangana nabalinganiswa abahlukeneyo abathe ngabanye benza umqela kubomi bakhe bale noveli. Abanye bamncedise ekuweni bambi bamncedisa ekuphumeleleni nangona ubukhulu becala bejonge empumelelweni.

- Ekukhuleni kukaThole ibali lihlangana naye endwendwela kwisikolo afikele kutitshala uZolile onegalelo ekuphumeleleni kukaThole. UZolile ubenegalelo kuba ukhulise umoya wethemba kubomi bukaThole.
- UThole ngokwebali wazana noThozama obenesandla kwimpumelelo kaThole. Ubengumhlobo osenyongweni kuThole ebubini nasebumnandini. Uye wamxhasa uThole ngomoya nangezenzo. Umxhasile nangemali ngeli xesha ebuyela esikolweni emdala. UThozama ubekho ebomini bukaThole kukuhle kukubi emkhuthaza bade baba bayatshata. Ukutshata kwabo kungathatyathwa njengempumelelo kuba umncede uThole de wafumana uyise awayengamazi ukuba kanti usaphila.
- Ubukho babazali abaneenjongo eziphezulu ngokuphumelela kukaThole buncedisile ngemithandazo neminqweno yabo kwimpumelelo kaThole yokubangumfundisi.
- Kukho abanye abalinganiswa ababeneenjongo zokuchitha iinjongo zikaThole. Iinzame zikaSonwabo noThemba bezingayilahleko kodwa zaphanza kuba ibali likaThole liphele sele engumfundisi onemimangaliso. Abahlobo bakaThole, ooSonwabo babenefuthe elibi kuThole kodwa abazange baphumelela ekumwiseni uThole. Ukuhlukana kwakhe nezi nqeberhu ikamva lakhe liyaphuhla.
- Ukubethwa nguJoe amgrogrise ngokumbulala kunceda ukuba azikhumbuze ngesifungo sakhe noThixo enze isithembiso sokusebenzela inkosi esihleli njengesazela kwiingcinga nezenzo zakhe. Oku kungabonakala njengokunyusela isazela kwinqanaba lesifungo.
- Abefundisi badlala indima enkulu ekuxonxeni ikamva likaThole ebufundisini. UThole uphela engumfundisi ophume izandla ngenxa yembewu ehlwayelwe ngabefundisi abathile esemtsha. Kukwasekuqaleni kwebali apho abona umfundisi olamla abantwana abalwayo watsho wazenzela isifungo sobomi sokubanjengaye abengumfundisi naye ebudaleni.

Sele engulo chwenene womfundisi, imbewu yobufundisi iye yaqanduselwa ngumfundisi uShepherd owayemnika amathuba athathe iqonga lokushumayela kubafundi basesinaleni. Yena umfundisi uMaqoma uye wayiphuhlisa le talente waze uThole wamkela ubizo oluye lwakhula wenza imimangaliso kubufundisi. Ukuba uThole

Downloaded from Stanmorephysics.com

abengumfundisi ophume izandla ngenxa yefuthe laba bafundisi ingathathwa njengempumelelo

Inene abantu ahlangene nabo uThole kwindlela yabo bamsondeze kubizo lwakhe lobufundisi ngeendlela ezibuhlungu ezingaqondakalanga lula.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo). **[25]**

**UMBUZO 9: UMBUZO OMFUTSHANE**

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

9.1 Badityaniswa ziinkumbulo zangexesha uMangaliso awayesemncinci lingekabikho themba lokuba angaze abengumfundisi wakwaLizwi njengokuba enguye ngale mini.√√ (2)

9.2 Ebehamba etyhutyha ilizwe engenzi zinzame zokubangumfundisi engekagqibi nokufunda esikolweni√/Wayegqityelwe ehamba noThemba noSonwabo abaqwengwa ziingonyama√/ubeselekhe waligqirha elinemali eninzi eKnysna. √√/ Imibuzo katitshala ethi waba ngumfundisi ngenene na idiza ukuba ebengalindelekanga ukuba anganguye.
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

9.3 Ngokomxholo wesicatshulwa le ntetho ithetha ukuba uza kumnyanzela arhole nokuba yintoni yokucela uxolo kuba selayekwa igama likaThole.√√ (2)

9.4 Luphawu lokomelela√ kuba ngokwesicatshulwa woyisa imiqobo eyayimbangela abe litshijolo waguquka wangumfundisi ngokungalindelekanga.√√/ Lobukhalipha√ kuba kwakucingwa waqwengwa ziingonyama kanti wasinda kuzo.√√/ Uphawu lwesimo sokunganikezeli√ kuba nangona iindlela zakhe zazingalunganga zange anikezele de wayinto awayeyinqwenela.√√ (3)

9.5 Ndiyakungqina ukuchasa kombhali ubutshijolo kuba abantu abanezenzo zobutshijolo njengoSonwabo noThemba bafumana isohlwayo sokudliwa ziingonyama.√√ (2)

9.6 Waphela engumfundisi.√√ (2)

9.7 Anyanisile la mazwi kuba ehlathini laseKnysna uThole wasindiswa kukuqamela ngezixhobo awayezinikwe nguThozama eziziincwadi ezineBhayibhile. √√/Anyanisile kuba ukuze akwazi ukuphumelela wakhuthazwa nguThozama ukuba aye esikolweni waza wamana emxhasa ngemali.
(Nayiphi na kwezi.) (2)

9.8 Ifuthe lokuhamba kwiindlela zobutshijolo liwukhulisile umxholo wokuthatha izigqibo ezizizo kule noveli kuba uThole uhambe iindlela zobutshijolo, wabetheka kodwa wangumfundisi oyimbalasane akuzithathela izigqibo zokuphinda alande ubufundisi.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com


9.9 Ndiyaxhasa kuba intshisakalo kuThole izibonakalise ngokumnqwanqwada qho ehamba indlela engayiyo ebufundisini njengokubhomboloza xa sela utywala, abethelwe luvalo xa ehamba iindlela zobutshijolo wade wathi akwamkela ubizo wabangumfundisi ongawiyo sele eseGeorge Goch eyaziwa ngokuwisa abefundisi.√√ (2)

9.10 UThemba noSonwabo bancedisile kubutshijolo bamtyhoba walahleka endleleni.√/UThemba noSonwabo bakhe bamtyhoba wayokusinda cebetshu ekufeni ehlathini eKnysna apho wabasemngciphekweni wokuqwengwa ziingonyama√/UFikizolo umncedisile ngokumnika ikhaya wathi akubuya efuna ukuphindela esikolweni wamvumela waphindela ngoku ungumfundisi√/ UThozama ngezipho nangenkxaso umncedisile uThole ukumkhapha ukuya kwilizwe lokucinga ngokuba- ngumfundisi√/uJoe awambona kuloNomsa umncede ngokumbetha ade azikhumbule ukuba uqatshulwe ngelizwi leNkosi watsho wenza izifungo zokusebenzela iNkosi. √
(Nasiphi na isine esichanekileyo.) (4)

9.11 Umxholwana wothando kule noveli ovela ngokuthandana kukaThole noThozama ubenenxaxheba kwisiphelo esimnandi sale noveli kuba uThozama umkhuthaze ukuba abuyele esikolweni, wamxhasa wade wangumfundisi apho ade wabe ubenesandla ekuhlanganeni kukaThole noyise.√√
(Nayi phi na impendulo echanekileyo.) (2)
**[25]**

**UMBUZO 10: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

Iindidi zabantu ahlangana nazo uMfazwe endleleni yobomi bakhe bale noveli zibenegalelo ekuweni nasekuphumeleleni kwakhe. Kwindlela yobomi uMfazwe uhlangana nabalinganiswa abahlukeneyo abathe ngabanye benza umqela kubomi bakhe bale noveli. Abanye bamncedise ekuweni bambi bamncedisa ekuphumeleleni nangona ubukhulu becala bejonge ngasekuphumeleleni nje ngokwesiphelo sakhe kule noveli.

- Ekukhuleni uMfazwe uhlangana noFriday abasele besazana kuba babefunda kunye into leyo ebonisa ukuba baphumelele ebomini ngoku kulindeleke igalelo lomntu ngamnye ekuhlaleni nasekutshintsheni iimpilo zabanye abantu.
- Xa ibali liqhubeka uMfazwe uhlangana noNokuzola othe wafumana umntwana kuye, waze ke ngolo hlobo waba unomntwana amfumene phambi kokuya elubhacweni. Leyo ingathatyathwa njengempumelelo xa kujongwa ubomi bomntu olitshantliziyo ongazange aphinde abenamntwana ebomini bakhe, noNokuzola ongazange aphinde abenomntwana ebomini bakhe.

Downloaded from Stanmorephysics.com


- Ukuhlangana kukaMfazwe noMfundisi uHlathi owaziwa ngokuxhasa amatshantliziyo omzabalazo wakwaQaka, kumnceda akwazi ukutsiba imida yeli eyokuqeqeshelwa ukulwela inkululeko. UMfundisi uHlathi usindisa ubomi bukaMfazwe xa uFriday namahlakani akhe ezama ukumbulala kuba bemtyhola ngobumpimpi, waze wafihlwa kwaMfundisi uHlathi.
- Ukungahambisani kwezimvo zikaMfazwe nezikaFriday kubangela ukuba uMfazwe angcungcutheke kude kuduke abazali bakhe abaphela sebesweleka kungekho mntu uyaziyo indlela abasweleke ngayo ibeyilahleko kuMfazwe leyo.
- Ukudibana kukaMfazwe noNtsipho kumncedile ukuba aqhubeke nezifundo zakhe kuba wammela eYunivesithi wade utata kaMfazwe wathengisa inkomo ukuze abhatalele izifundo zakhe. Ufundile uMfazwe wabangutitshala.
- Utshintsha ngoko nangoko abe negama lokuba yimpimpi kubafundi awayebafundisa kwaQaka nasekuhlaleni abengumtyholwa kwisipolisa esijongene nokukhuselwa kocalucalulo apho azibona esentolongweni ngezityholo zobumpimpi kanti yindlela yokumsondezela iingcinga zabo zokumguqula abeyimpimpi. Kungalula ukuthi ziziqalela zokuphakamisa igama lakhe ngokwala izithembiso ezingamenza aphile ngaphandle kokungcungcuthekiswa kwaye afume nepokotho.
- Ukuphephaphepha ugqogqo lwakhe ngamapolisa ekhatshwa lungcungcuthekiso oluza ngoFriday othi uyimpimpi, uhlangana nemingeni ebeka ubomi bakhe esichengeni. Yonke le nquleqhu ibimsondeza kwimpumelelo yakhe njengeqhawe lamatshantliziyo.
- eyayimqhubela.
- Indlela esingisa elubhacweni imhlanganisa nomzingeli omnika zonke izixhobo zokumkhusela kuhambo lwakhe, ezifana namafutha enyoka, amaqwili, imiqwayito

- Amapolisa adibana nawo endleleni ngobuthathaka bawo amncedile ukuba indlela yakhe eya elubhacweni ingabinamagingxigingxi, ngokusuka alibale zizinto ezingenamsebenzi xa kufuneka embambile njengokuhleka ubufutshane bendoda
- ngathi uyabazi ubude bendlela azakuyihamba. Umzingeli umsondeza kwiqela leNtsimbebomvu kuba zamnceda wakwazi ukungalambi endleleni, akhuseleke nakwimiqobo ebibekwe endleleni yakhe enjengokubonwa njengentlola ezekusenga ulwazi ize iyokuxelela amabhulu, nokulwa abaThwa kodwa aphumelele.
- Kwakhona ukuhlangana noFriday emva kwenkululeko kwiinkundla zamatyala kuphakamise igama lakhe nesidima sakhe xa echophele ityala likaFriday emgweba njengeJaji echophe kwisitulo esiphezulu kuneso wayechophe kuso yena uFriday owayemngcungcuthekisa.

Inene uMfazwe udibene nabantu abamsondeze kwinkululeko yakhe.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 11: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

11.1 Badityaniswa luthando.√√ (2)

11.2 Ndiyangqina kuba uFriday uphazamisana neenjongo zenkululeko ngokuba yimpimpi yombuso wamadlagusha√ nokuthengisa ngoMfazwe.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

11.3 Ngokomxholo wesicatshulwa ingcinga kaMfazwe ithetha ukuba uNokuzola zonke izinto ebezenza kuye ebezenza ezazi ukuba akenzi zona ncam.√√/ Ingcinga ithetha ukuba uNokuzola ebengathandi uMfazwe ethanda uFriday ngalo lonke eli xesha azenza ngathi uyathanda uMfazwe.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

11.4 Luphawu lokunganyaniseki kuthando lwakhe noMfazwe√ kuba iingcinga ezithi uyachwechwisa ecaleni√/intombi idla isula√/zibonakala zimenza umntu osondelelene noFriday olutshaba lukaMfazwe othandana noNokuzola√ kuba iingcinga zikhankanya izenzo zokunganyaniseki.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (3)

11.5 Ndiyangqina kuba umbhali uchasene nengcinezelo kuba amatshijolo afana noFriday uwenze awavuna nto kwizenzo zawo asuka angamaxhoba.√√/ UFriday obetshutshisa uMfazwe ityala lakhe lichotshelwe nguMfazwe abemtshutshisa kwakufika inkululeko ingcinezelo iye yoyiswa kwazuzeka inkululeko.√√ (2)

11.6 UMfazwe uye walitshantliziyo lomzabalazo/wabaliqhawe lomzabalazo.√√ (2)

11.7 Anyanisile amazwi kaMfazwe kuba ugezo lwawo amapolisa ayelubonakalisa ngokukhaba izindlu zabantu zivuleke ngeenjongo zokubabamba.√√/ Agxagxamisa uMfazwe embamba, amfaka ingxowa enomchamo entloko.√√/ Amapolisa ayeleqa adubule abantwana besikolo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

11.8 Ukungcungcuthekisa uMfazwe kukaFriday ngokumnyoka emapoliseni nakubantu bakwaQaka zibenefuthe ekukhuleni kwengcinezelo kuba kukhokelele ekubeni uMfazwe abanjwe ade aleqwe ngamapolisa nabahlali engenzanga nto.√√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

11.9 Ngokwebali uMfazwe namanye amatshantliziyo bancame babhaca bayokujoyina umbutho oyiNtsimbi ebomvu, babuya bephethe intshinga, ilizwe likhululekile.√√ (2)

11.10 Akuncedisile ukukhula kwengcinezelo kuba ebengamagosa engcinezelo esetyenziselwa ukuqinisekisa ukuba abantu benza kuphela izinto ezifunwa ngamadlagusha.√/Ebesebenzisa neemeko zendlala ukuthengisa ngabantu batsho babengamaxhoba engcinezelo abanye njengoko bebebaziimpimpi zawo baze abangavumanga baphathwe kakubi.√/Ancedisile ekusombululekeni kwengcinezelo ngeempazamo zawo ezifana nokuthathwa ingqondo zizinto ezincinci agqibele uMfazwe ephuncuka.√/Kwelinye icala ebekhe alibale kukuhleka nokuhlekisa ngobufutshane bomntu emke okanye asinde ekubanjweni kwangawo uMfazwe.√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (4)

11.11 Umxholwana wothando uzise ubumnandi kwisiphelo sale noveli ngokuthi uMfazwe afumanise ukuba kanti unomntwana ogama linguZubuye noNokuzola ongasekhoyo.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**OKANYE**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UNCWADI LWEMVELI**

**UMBUZO 12: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

| |
|---|
| Iindidi zabalinganiswa abazizilwanyana ahlangana nazo uFudwazana endleleni yobomi bakhe kule ntsomi yeenyamakazana, zibenegalelo ekujongelweni kwakhe phantsi nasekuphumeleleni kwakhe. Kwindlela yobomi uFudwazana uhlangana nabalinganiswa abazizilwanyana abahlukeneyo nabancedisileyo kwimpumelelo yakhe.<br><br>• Ukufika komlinganiswa ongukaMaginyi'inyathi oneempondo entsimini wayenza eyakhe ebasa nomlilo ngeenjongo zokuzojela umbona, kuzisa uloyiko kwizilwanyana ngaphandle kukaFudwazana.<br><br>• UFudwazana uhlanganiswa nezilwanyana ezimdelelayo ezimnika amagama adelelayo afana noFudwazana omncinci, ezinye zimsizela ngelithi uza kuzenzakalisa kanti ngolo hlobo kuye ngaphakathi kukhula ikhwele lokufuna ukuzibonakalisa nendzondelelo. Yindlela eya empumelelweni leyo.<br><br>• UFudwazana udibana buqu nomlinganiswa uMaginy'inyathi oneempondo angabonakalisi loyiko. Xa uMaginyinyathi neempondo emoyikisa ngelizwi elikhulu uFudwazana akabuyi ngamva. Uyarhoqoza akhwele kuye, bajijisane amkhame de afe. Ukugqiba kwakhe uvuma ingoma yoloyiso, ezinye izilwanyana ebezimdelela azisakholelwa. Ezinye ezivileyo zibaleka ziye entsimini zimbulele uFudwazana ngobugorha bakhe abubonakalisileyo zimncome.<br>• Le mpumelelo ize noFudwazana yabutshintsha ubomi bakhe waphela engumlinganiswa ohlonitshwayo zizilwanyana ebezikade zimdelela. Izilwanyana adibene nazo uFudwazana ebomini bakhe zibe nefuthe ekudelelweni nasekujongelweni phantsi kwakhe kanti ukudibana kwakhe nomlinganiswa ongumaginyinyathi neempondo kuzise elinye icala lobugorha nobuqhawe kuFudwazana waphela engumntu ohloniphekileyo phakathi kwezilwanyana. |

USteve Biko

- Kwesi sibongo uSteve Biko uthatyathwa njengophumeleleyo ngenxa yobukho babantu ababenegalelo lokumwisa okanye ukumphakamisa ebomini bakhe
- Kwindlela yobomi bukaSteve Biko uhlangana nabantu abahlukeneyo abathe benza umzila kubomi bakhe. Bakho abantu ababesilwa naye abanjengoRhulumente wengcinezelo ngeenjongo zokuba ingcinezelo nocalucalulo luhlale lukhona eMzantsi Afrika.

Downloaded from Stanmorephysics.com

- Aba bantu ngokwesibongo benze zonke iinzame zokumwisa bemvalela ezintolongweni bemngcungcuthekisa ngeenjongo zokumthoba amandla, khange aphele mandla uqhubekekile esilwa ingcinezelo. Ukuzuzwa kwenkululeko kuthatyathwa njengempumelelo kaSteve Biko kumlo wengcinezelo nethe yabayimpumelelo yesizwe siphela soMzantsi Afrika.
- Kwesi sibongo isininzi esisetyenziswa kwimiqolo efana nethi, 'Namhlanje sithi yeyethu kuba asilwele amathandazwe'. Amanye amathandazwe nabanye abanjongo yokunceda uMzantsi Afrika ukuya enkululekweni ebekhona enegalelo lenkxaso nokukhuthazana kule ndlela yomzabalazo. Kuphela kukhululeka ilizwe ngenxa yobambiswano lwesininzi. Wabe ke inkululeko yoMzantsi Afrika ithathwa njengempumelelo kaSteve Biko.
- URhulumente wocalucalulo ube negalelo ekuncediseni kwimpumelelo kaSteve Biko. Ezi ziqhamo zenkululeko zibonakala engasekho uSteve Biko kushiyeke imisebenzi yakhe kuphela. Iziphumo ziphinda zibonakale kwisizwe esiNtsundu ngemfundo engenamkhethe, ukuncedeka koluntu olufana neenkendama kunye nabahlolokazi.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

**UMBUZO 13: UMBUZO OMFUTSHANE**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – MMI Swana nabanye**

13.1 UNxele uthetha into kumaNdlambe athi uyive ngoNyengane, abe amaNdlambe athile ekuthandabuza ukuhambelana kwale nto ayithethayo uNxele nebithethwa nguNyengane.√√/Zizenzo neentetho zikaNxele athi yena zihambisana nezikaNyengane abe amaNdlambe ekuva ukuba akukho ukuhambisana.√√ (2)

13.2 Uzifanisa ngokuthi uNxele afune abantu banqule njengokuba noNyengane wayefuna banqule.√/Ngokuthi afune bavume izono balahle nezinto ezimbi ababezenza.√/Ngokuxelela abantu abangafuni ukumlandela ukuba baza kwehlelwa zizinto ezimbi njengomgwebo owawushunyayelwa nguNyengane.√ (Nasiphi isibini kwezi.) (2)

13.3 Ngokomxholo wesicatshulwa ukubula kukuhlambulula uxele izinto ezimbi owakha wazenza.√√ (2)

13.4 Luphawu lokubalixoki√/lokubangumlahlekisi√ kuba ngokwengxoxo ekwisicatshulwa kuvela ukuba izinto azenzisa amaNdlambe azaziwa sisiNdlambe.√√ (3)

13.5 Ndiyangqina ukuba umbalisi wentsomi uchasene nabaprofethi bobuxoki kuba imbali iphela kubhubha umprofeti wobuxoki onguNxele kungazange kubekho nasinye isiprofetho sakhe esazalisekayo.√√/Ndiyangqina kuba umbalisi kucwangciso lwakhe lweziganeko umenza asweleke uNxele ongumprofethi wobuxoki ngemini ekuzalwa ngayo uYesu Krestu owaziwa njengomprofethi oyinyani.√√ (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

13.6 Iyayinika impendulo kuba njengokuba esi saci sibhekiselele kwinto engasoze yenzeke ngokokusetyenziswa kwaso, sizalwa sisenzo sikaNxele sokwenza iziprofetho ezalindwa zancanywa azade zizaliseke ngokwale ntsomi.√√ (2)

13.7 Iyintsomi engemvelaphi yezinto kuba isinika imvelaphi yesaci ngokusebenzisa imbali kaNxele.√√

**OKANYE**

Ingembali kuba ngokwesakhiwo ibalisa imbali kaNxele kudala.√√ (2)

13.8 (a) Ngabalandeli bakaRharhabe mhla wayeqephuka kwelakubo kwaPhalo√ (b) nguRharhabe.√ (2)

13.9 Ngokomxholo wesibongo yimini athe uRharhabe wahlangana nengqumbo yamaLawu awathi kanti nawo ayincwasile le ndawo amisa kuyo.√√ (2)

13.10 Ngumfanekiso ntelekelelo wobuzaza bemfazwe.√√ (2)

13.11 AmaLawu√ AbaThwa.√ (2)

13.12 Yimbongi yomthonyama√ kuba yazi imvelaphi yesizwe.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 14: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqi bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa aphuhlisa ukuhambelana kwesohlwayo sikaNomaMpondomise nesikaGugulethu nezenzo zabo.

**UNOMAMPONDOMISE**
Le drama imbonisa uNomaMpondomise efumana isohlwayo sokuba uGugulethu atshate noThobeka yena esamlindile kunye nesokuzeyelisela emlanjeni emva kwezenzo zakhe zokungabathobeli abazali nokuphoxisa ngoMcunukelwa.

- UNomaMpondomise wamkela uthando lukaGugulethu avume nokumtshata ekubeni sele elotyolwe nguMcunukelwa.
- Uthatha isigqibo sokukhupha iinkomo zikaMcunukelwa enqandwa ngunina uMaNyawuza noyise uLangeni.
- Uthembisa abazali bakhe ukuba zikho iinkomo ezizayo eziza kungena endaweni yezi zikaMcunukelwa zisuke zinganeni.
- Abazali bayavuma kodwa bemlumkisile ngokulahla imbo yakhe ngophoyiyana.
- Wala uMcunukelwa akakhathalele nezicengo neentshwabulo zakhe.
- Ufumana iindaba kwiphephandaba zokubulawa kukaMzamo kumtshato kukaGugulethu.
- Uyazisola ngokuphoxa abazali bakhe kuba ebenethemba lokutshatwa nguGugulethu.
- Akakwazi ukumelana neentloni nentlungu abeke kuyo abazali bakhe.
- Umangalela uGugulethu ngokumphoxa atshate enye intombi ekubeni ebemthembisile ngomtshato.
- Akalindi nokuva iziphumo zesimangalo sakhe, uyazibulala ngokuzeyelisela emlanjeni. Isohlwayo sakhe sikhulu kuba ngesiXhosa uzenzile akakhalelwa.

**UGUGULETHU**
Le drama imbonisa uGugulethu efumana isohlwayo sokuhlawula ngesithembiso esingazalisekanga nesokugwetywa intambo ngokubulala.

- UGugulethu ngokucela umtshato kuNomaMpondomise avunywe, angakulandeli okanye angasizalisekisi isithembiso ngenene ufanelwe sisohlwayo. Inkundla yamatyala isebenzisa umthetho welo xesha ukumgweba ngesenzo sakhe.
- Eyona ngxaki ibonakalayo neyenza isohlwayo simfanele kukuthula anganiki ngcaciso kuNomaMpondomise phambi kokuba uNomaMpondomise ade alahlekiswe ziingcinga ngenxa yokuzifumanela iindaba zokutshata kukaGugulethu ebezijoliswe ekwaziseni ngokufa kukaMzamo.
- Nangona abazali bakaGugulethu uZwilakhe noMaGaba bemnyanzele

Downloaded from Stanmorephysics.com

ngokutshata intombi ethandwa ngabo enguThobeka, ibiseluxanduva lukaGugulethu ukudlulisa unxunguphalo lwakhe kuNomaMpondomise baluphathe kunye ngoku uvela enolwazi yedwa nangona luyintlungu nje.

- Ubuqatha besigwebo senkundla ngokophula isithembiso somtshato, esiziinyanga ezintandathu esebenza nzima okanye amashumi amahlanu eeponti sifanele ukuthotyelwa kuphela kwaye sithathwe nguye kuba akukho bungqina phambi kwenkundla bokuba asinguye otshatileyo.
- Sesinye isohlwayo kuye ukushiywa nguNomaMpondimise kabuhlungu ngokuthi azeyelisele emlanjeni ngenxa yokungakwazi kwakhe ukuzilamlela ngokumazisa kwangoko ngengxaki akuyo.
- Ukuzahlukanisa nekhaya kukuzohlwaya kuye uGugulethu kuba ubalikheswa elinxiba impahla emnyama eMthatha, iminyaka elishumi elinesibini, elingenakhaya.
- Ukohlwaywa ngokulandeliswa ngoThobeka osele enabantwana nguyise uZwilakhe kunye nabo bantwana bakhe kumenza axolele ukufa kodwa aqinisekise igama lakhe liyacima emhlabeni.
- Ngenxa yokona uGugulethu ufumana isohlwayo sokushiya iphakade sekungasekho nempunde egameni lakhe nonina lowo owayeyiqalile injece. Siyamfanela nesi isigwebo

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

## UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

### *BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa

15.1 Sisenzo sokuzeyelisela emlanjeni.√ (1)

15.2 Abalinganiswa bayazithethela ngokwabo.√/Kukho izalathisi zeqonga.√/ Igama lomlinganiswa lisekhohlo lilandelwe yintetho yakhe.√/ Kukho ikholoni emva kwegama lesithethi.√ (2)

15.3 Sihambelana ngokuba isihloko esithi, 'Buzani Kubawo' sikrobisa kumntu ongafuni kuthatha uxanduva lwesenzo sakhe kanti kwisicatshulwa siyambona ukuba nguGugulethu ongafuni kuthatha uxanduva.√√

**(Impendulo mayiqulathe icala lesihloko kunye necala lesicatshulwa.)** (2)

15.4 Ndiyaxhasa uZwilakhe uyazohlwaya ngokuthi abone ukuba isohlwayo esiya kuGugulethu sifanele ukuba size kuye.√√/ Ndiyaxhasa kuba uyazohlwaya ngokubhatalela uGugulethu imali enkundleni.√√

**OKANYE**

Ndiyachasa akazohlwayi udlala indima yakhe njengomzali okhupha umntwana wakhe engxakini njengaye nawuphi umzali.√√ (2)

15.5 Isigwebo senkundla sihambelana nemithetho yelo xesha elizweni. Ngokuqinisekileyo isigwebo esinikwa uGugulethu sisisohlwayo esinikwa nabani ophula isithembiso sokutshata umntu.√√
[Nayiphi na impendulo echanekileyo.] (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

15.6 UGugulethu unxibe iimpahla ezimnyama ishumi elinesibini leminyaka.√/ Uyala ukugoduka utshipha eMthatha.√/Unqwenela ukuzibulala.√
Ubulala uThobeka nabantwana bakhe bakuthunyelwa kuye eMthatha.√
(Nasiphi na isibini esichanekileyo.) (2)

15.7 Achanekile kuba intetho ethi 'liyaduduma lidlula nemiphefumlo' ichaza ngokufanisa ngokungangqalanga imeko yoloyiko abazibona bekuyo kunye nezulu eloyikekayo ngenxa yokufa nokudandatheka kwemiphefumlo yabantu.√√ (2)

15.8 Ngokwamazwi kaGugulethu igama 'kugqityiwe' lithetha ukuba yena uzibona etshatile noNomaMpondomise kunjalonje akakho omnye umntu owobuya atshatwe nguGugulethu.√√ (2)

15.9 Ubuthathaka abenabo uZwilakhe bobokufuna ukunyanzelisa ilizwi lakhe.√ bukhokelele ekubeni bubenobungozi kuGugulethu nakwabanye abasondeleyo.√ (2)

15.10 Ukwahlulelana kwamaxesha kudale iyantlukwano phakathi kwabatsha nabantu abadala abasadla ngendebe endala kwaze oko kwenza uthanda kwiingcinga, izimvo nezenzo zabo.√√ (2)

15.11 (a) Kukuthunyelwa kukaThobeka nabantwana bakhe kuGugulethu aze uGugulethu ababulale ngezembe.√
(b) Yeyokuba uGugulethu ubengumbulali, nebanjwa.√ (2)

15.12 Ngowokuba abantu mabaziqhelise ukukhupha imbilini yabo, bayilwele into abangayithandiyo nabanyanzelwa ukuba bayenze nanjengoko uThobeka ethe ngokungazilweli kwakhe waphulukana nobomi bakhe.√√
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

15.13 Ngabantu ekufuneka bazi okanye balumkele ukunyhashwa kwelungelo labo lokuzikhethela undofa naye√ kuba kufuneka balumke babenolwazi ngeendlela anyhasheka ngazo amalungelo√ kuba kufuneka bazi ngeengozi abanokuzifaka kuzo ngokungawaboni amalungelo abo anyhashekayo.√
(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)
**[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 16: UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqin bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-26 ukuhlola lo mbuzo.

Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo xa aphuhlisa ukuhambelana kwesohlwayo sikaMaqhikizane nesikaMamQhinebe ngezenzo zabo.

**UMAQHIKIZANE**
Kule drama uMaqhikizane ufumana isohlwayo sokuphulukana nesidima sokubangumqeshi abelibanjwa

- UMaqhikizane ngumqeshi wakwarhulumente. Isikhundla sakhe usisebenzisele ukuxhaphaza abantu abahluphekileyo abadinga umsebenzi.
- Akabaphathi kakuhle abantu xa beze kwiofisi yakhe, umzekelo; uthetha kakubi noSiqhiwu xa eze kuqonda ngemiba yomsebenzi ude amthuke ngokuthi unyabile, usisanya-mtya.
- Ufuna izinyobo ukuze anike umsebenzi umntu owudingayo. Uthi abantu abangeni nje eofisini yakhe bengaphethe nto xa befuna umsebenzi ude acacise ngelithi umntu uthenga emithiyo ngenethole.
- Ufuna ikhulu leerandi kuSiqhiwu ukuze amnike umsebenzi.
- Kumantombazana uwaxhaphaza ngesondo ukuze awalungiselele izithuba zomsebenzi. Uwaqhatha ngokuthi uza kuwatshata, engathethi loo nto. Uloba uSiphokazi ngokuthi uza kumnika umsebenzi, imali nobunewunewu.
- UMaqhikizane uthiyiselwa nguSiqhiwu noSiphokazi ngoncedo lwabakwantsasana.
- UMaqhikizane uyabanjwa aze agwetywe iminyaka esibhozo esebenza nzima entolongweni.

**UMAMQHINEBE**

Kule drama uMamQhinebe ufumana isohlwayo sokuphoxeka kuSiqhiwu ongumntwana wakhe nesokuphulukana nesidima sokubangumama wekhaya abengumtyholwa kwityala lokuba iintsana. Kanti ke nokungabisaya eNorth Crest kusisohlwayo. Umntu unokucinga ukuba uphoxeka kwakuMaGatyeni lo amrhwebesha ngokusebenzisa ubuhlwempu bakhe kanti umzisa kobunye. Uluhlu lwezinto ezenza isohlwayo asifumanayo samkeleke zezilandelayo;

- Ukungakwazi ukuzeyisa nokungakwazi ukuzazelelela afune ukufumana izinto lula emva kokuba ephumelele ukufundisa uSiqhiwu.
- Ukungamameli kwakhe uSiqhiwu emcebisa, emnqanda ngemiba ehambelana nezinyobo norhwaphilizo
- Uthi gabhu kurhwaphilizo ehamba noDlezinye noMagrazula abahambela kude nokubanjwa.

Downloaded from Stanmorephysics.com


- Ude azincame ayokuqiniswa nguMagrazula olixhwele ukuze abenesibindi sokwenza umsebenzi wokuba iintsana ezifunwa leli xhwele.
- Ukugxagxamisa uMaGatyeni ukuba amncedise kumkhuba wokuba iintsana ngokumqobisela ngokuthi abuyise yonke into ebemnceda ngayo akwala ukuba iintsana kumbeka kwindawo engumngcipheko kuba uyatyholeka.
- Ukuba iintsana zabantu, engumama wekhaya, ekwangumama webhatyi, eyazi intlungu yokungabinamntwana imenza afanelwe sesiqatha isohlwayo.
- Ubangumama ozimisele ukubanamaqhinga okuxokisa abantwana ngokuthi uya eMzamba apho kungcakazwa khona, umntu onethamsanqa afumane imali ekhawulezileyo. Oku kumenza afanelwe sesiqatha kuba ngoku sekufuneka abantwana bamhunyamhunyane nesazela somzali oba abantwana.

Isohlwayo asifumeneyo uMaqhikizane sokugwetywa iminyaka esibhozo esebenza nzima entolongweni sihambelana kakuhle nezenzo zakhe zokuxhaphaza nokunyhasha amalungelo abantu abadinga imisebenzi. UMamQhinebe naye ufumene isohlwayo esihambelana nezenzo zakhe ngokuthi abanjwe ngokwenza okumasikizi okukubela abanye oomama iintsana zabo akugqiba ukuba engumama ozeleyo naye.
(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) **[25]**

***INDLAL' INAMANYALA* – M Lamati**

**Umbuzo 17: UMBUZO OMFUTSHANE**

17.1 Kukwenza iimpazamo kulo msebenzi wabo wokuba iintloko.√ (1)

17.2 Abalinganiswa bayazithethela ngokwabo.√/. Abalinganiswa abasekhohlo ze kusetyenziswe ikholon ukwahlula kwintetho.√/ Ingxoxo ephakathi kwabalinganiswa.√ (2)

17.3 Sihambelana ngokuba isihloko xa sisithi, 'Indlal'inamanyala' sithetha ukuba umntu ogutyungelwe yindlala angenza nantoni na ukuzikhupha endlaleni. Kwisicatshulwa kuvela uMagrazula noDlezinye bengabantu abathenga iintloko zabantu ngeenjongo zokuzikhupha endlaleni.√√/Kwabona babenza izisulu abantu abasendlaleni ngokubafaka kumgibe wokuba iintloko baphinde bababone beziziyatha xa bebanjwa ngumthetho.√√

(**Impendulo mayiqulathe icala lesihloko kunye necala lesicatshulwa.)** (2)

17.4 Ndiyaxhasa uyadlisela uMagrazula kuba ukhangeleka ebeka imali phambili ngaphezu komngcipheko abakuwo abantu abazizithunywa zakhe kanti naba bangamaxhoba akhe.√√

Okanye

Ndiyachasa kuba uMagrazula ukubahlawula kukuzalisekisa isivumelwano esiphakathi kwabo njengomqeshi wabo. √√ (2)

17.5 Ukubanjwa kwezithunywa akusiso isisombululo sengxaki yobiwo lweentloko nentsana xa engade abanjwe uMagrazula noDlezinye abaziinkintsela zobiwo lwazo.
[Nayiphi impendulo echanekileyo.] (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

17.6 Bahlala ngokungathembani kwabodwa√/abaqondani nabantwana babo√/ baphila ubomi obufuna isibindi sokuzingela iintsana zabantu√/bahlala ngokuthandazela ukwenza ubumdaka ngempumelelo√/behleli nje bayila amacebo okuzingela iintsana.√/bayabanjwa bavalelwe.√
(Nasiphi na isibini kwezi.) (2)

17.7 Lichanekile kuba umqa yinto emonyeneyo engasombululekiyo, ngoko ke bakwimeko abangakwazi ukuzikhupha kuyo kuba babanjwe, batwela bengekayi nasejele babe bezibonda kwangokwabo. √√/ kungumqa ukuba umnqweno wokubanomzi eNorth Crest ebebeyisebenzela ijike yayijele.√√ (2)

17.8 Ngokwamazwi kaMaqhikizane, ibinzana elithi 'icuba lam' liqulethe intsingiselo yokuba icuba sisihlonipho semali yokunyoba ukuze bafumane umsebenzi abafuna ukufumana umsebenzi.√√ (2)

17.9 Ubuthathaka abenabo uMaqhikizane bobokunyoluka√ bukhokelele ekuhleni kwesidima ngokuthi abanjwe ngenxa yokunyobisa abantu abafuna umsebenzi.√ (2)

17.10 Indlala igqamise iyantlukwano phakathi kwabanemali nabangenamali ngokuthi abanayo baxhaphaze abangenayo .√√. (2)

17.11 (a)Sesokubanjwa kukaMaqhikizane abekwe izityholo.√
(b)Uyagwetywa abe libanjwa angabisaba ngumntu karhulumente ohloniphekileyo.√ (2)

17.12 Ngowokuba abantu mabaziqhelise ukukwazi ukuthi, ‘hayi’ bangade babezizisulu zokuxhatshazwa okanye bafune ukuthethelelwa ngabanye.√√/ Ngowokuba masikulwele okulungileyo senze okulungileyo singabi ngamaxhoba eemeko esizifumana sikuzo.√√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

17.13 Ngabantu abaswele umsebenzi√ ukuze bazi ukuba xa umntu ethwaxwa yindlala kufuneka abenomonde azi ukuba uza kukhululeka ngenye imini angalukuhleki enze amacebo anobungozi kuba amenza umntu aphelele ejele.√ (2)
(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) **[25]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

### ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| | **5–6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, nokuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | -Ibonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/ umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye izimvo zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi azamkelekanga konke-konke nesimbo asichanekanga |
| **AMANQAKU** | **4** | **3** | **2** | **1** | **0-1** |

**QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0 kumxholo nakwisakhiwo nolwimi.**

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI – INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14-15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke-konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5-6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenzisiwe ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyilo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe zenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA: Makungabikho kwahluka kudlula kwisibini samabakala phakathi kwamanqaku wesakhiwo nolwimi kunye nawomxholo.**
**Ukuba umviwa ubhale isincoko sephepha lesithathu mnike u-0 kumxholo no-0 kulwimi nesakhiwo.**